UThixo Ezazisa
Ngeempawu Zakhe Zemvelo

Ngahlobo luthile bendimangalisiwe nje kukubona umhlobo wam, uJoseph Boze, phaya, kwaye ndiye ndabheka ndaza ndathabatha ixeshana elincinci ukuxhawula isandla sakhe.

2 Masityhileni ngoku eLizwini likaThixo, kumaHebhere, esokuqala isahluko. Ndifuna ukufunda, okwesiqwengana, owoku-1, owesi-2, kunye nowesi-3 umqolo, ukwenzela ukukhupha itekisi yobusuku.

> *UThixo, owathi* kumaxesha *amandulo nangeendlela ezininzi wathetha kumaxesha agqithileyo koobawo ngabo abaprofeti,*
>
> *Uthethe ngale mihla yokugqibela kuthi ngoNyana wakhe, awammisayo wayindlalifa yeento zonke, awathi kwangaye wayenza indalo yonke;*
>
> *Othe elubengezelo lobuqaqawuli bakhe, nemvakaliso-mfanekiso yobuqu bakhe, ezithwele nokuzithwala zonke izinto ngalo ilizwi lamandla akhe, ekubeni ethe . . . wahlala phantsi ngasekunene kobuKhulu enyangweni;*

3 Masithobiseni iintloko zethu ngoku ukwenzela umthandazo. Kwaye ngoku eBukhoneni baKhe bobuNgcwele, ukuba unaso nasiphi na isicelo ongathanda saziswe kuYe, ungaphakamisa nje isandla sakho, kwaye sisicelo sakho eso, okokuba uThixo uyaku . . .

4 Bawo wethu oseZulwini, siyeza ngoku sinyukela phambi kwetrone yaKho, ngokholo eGameni likaYesu Kristu, uNyana waKho. Kwaye sinikiwe esi siqinisekiso, sokuba, "Ukuba sicela nantoni na eGameni laKhe, iyakuvunyelwa." Kwaye Wena uyayazi iminqweno yethu kwanezidingo zethu, kwaye Wena uthembisile ukuba Uyakubonelela konke esikudingayo. Ngoko, Bawo, siyakuthandaza njengoko Usifundisile, "Ubukumkani baKho mabufike. Intando yakho mayenziwe emhlabeni, njengokuba kunjalo eZulwini." Ukuze isicelo sethu, ngobu busuku, sibe ngokomnqweno waKho ukusinika, kwaye uvumele kuthi lamacham. Thambisa iLizwi, Nkosi, kwanazo zonke izithethi nabevayo, kwaye wanga uMoya oyiNgcwele angangena kwaye abe ngumenzi weLizwi, ngobu busuku, phakathi kwethu. Ngoba sikucela eGameni laKhe. Amen.

Hlalani phantsi.

5 Ngomso kusasa, ndiyaqonda, sisidlo sakusasa saMadoda angooSomashishini beFull Gospel. Ngokuqhelekileyo, apho

banesahluko, ndinecham lokuthetha kwisidlo sabo sakusasa. Ukuza kweli xesha, lowo kuphela kombutho, ongenguwo umbutho, kodwa, kuphela kweqela e—endingowalo, ngaMadoda angoSomashishini angamaKristu. Kwaye ngoku nje ndibenzela intetho, kumazwengamazwe.

6 Ngoku, ngobu busuku, siyathemba ukuba oku kuhlangana akuyi kuba lilize. Ndize kuni, ndidiniwe, umqala ophelileyo, kwaye ndafumana ukuminxana kwesifuba okuncinci kwi . . .

7 Ndivela eTucson apho ngenene kulungileyo kwaye komile, ndaze ndeza apha kwaye ngenene kulungile kwaye kumanzi, ngoko kukho okucacileyo ukuphikisana. Ukuba nina nonke ninawo onke amanzi ngapha, ukuba nje ningawathumele phesheya kweyethu indlela, siyakuyivuyela lonto. Kodwa aninakukwenza oko, kakade.

8 Kodwa ndikuxelela into enye, kukho umzekeliso phaya. Zonke izinto zethu—zethu—zethu e-Arizona, imithi yethu, izele ameva. Yonke into inemeva. Kungenxa yokuba komile. Ngoku ukuba esasihlahla sinye besikhule phesheya apha, ibiya kuba ligqabi elihle elithandekayo. Yabona, alinamanzi, naso isizathu sokuba ibe limeva.

9 Kwaye xa ibandla lithi lingabi nawo Amanzi oBomi, liyoma kwaye libe nokuhlaba, nalo, lihlabe kwaye libethe yonke into. Kodwa apho amanzi oBomi athululekayo, ayalivula igqabi alenze lithambe, limpuluswa kwaye libe nobumnandi, libengcwele kwaye lamkeleke kuThixo. Ngoko yanga iNkosi uThixo ingasinkcenkceshela, ngobu busuku, ukuze singabi ngameva; kodwa sibe ngamagqabi alungileyo ukuze abantu abalukhuni kwingqeqesho babe bangahlala phantsi komthi womthunzi wethu kwaye bafumane ukuphumla emiphefumlweni yabo.

10 Ngoku ndifuna ukuthatha itekisi, ngobu busuku, ukuba iNkosi iyathanda, kwaye nditsala lomboko wokuthetha mncinane nje kufutshane kangangoko ndinako, ngenxa yokuswela ilizwi. Ndifuna uku, ukususela ekufundeni apha kumaMahebhere 1:1, ndifuna ukuthatha itekisi ka: *UThixo Ezazisa Ngeempawu Zakhe Zemvelo*. Ndingakuphinda oko kwakhona, ngenxa yokuba ndiyayazi ukuba ezi zandi zimbi apha. UThixo Uzazisa ngeempawu Zakhe zemvelo.

11 Ngoku, uninzi lwayo nantoni na lwazeka ngeempawu-zemvelo zayo. Kwaye ndinazo ezimbalwa iZibhalo apha endinga . . . kwaye nokubhaliweyo, endingathanda ukubhekiselela kuko. Ngoku, uphawu-lwemvelo lwayo nantoni na lwazisa ukuba iyintoni.

12 Ngoku, njenga kuyo yonke indalo, iintyatyambo ziyazeka, amaxesha amaninzi, ngophawu-lwemvelo lwazo. Ukuba zisondelelene, ezohlobo olunye kolunye, uphawu-lwemvelo

lwalontyatyambo luyakuyazisa ukuba iyeyiphi intyatyambo. Kwaye kubomi basendle, amaxesha amaninzi . . .

13 Ndi—ndingumzingeli. Kwaye kufuneka ulwazi uphawu-lwemvelo lwesilwanyana osizingelayo, okanye ngamanye amaxesha ungakhohliseka ngokuqinisekileyo. Ukwenzela umzekelo, njengeGusha yohlobo lweLityе kude phezulu eBritish Columbia. Bendiphantsi kanye kweYukon kolukwindla ludlulileyo, abambalwa kubazalwane apha ngoku babekunye nam, kwaye sasizingela.

14 Ngoku ukuba ubungawazi umahluko, xa ubulandela umkhondo wegusha okanye ixhama, ubungenakuwuxela umahluko ngaphandle kokuba ubungohlakaniphileyo umzingeli. Ngenxa yokuba, zenza uhlobo olunye lwemizila; ziyatsiba xa zibaleka. Kwaye ngoko ubone enye imi kumgama, nentloko yayo ifihlekile, ngoba, kuyakubanzima ukuba u—uwazi umahluko. Zimalunga nobungakanani obunye; ukunqamleza lendawo yomlenze, imhlophe, njengexhama. Kuyakuba nzima ukuzixela. Kodwa iimpondo zayo ziyalwazisa uphawu-lwemvelo lwayo, ngazo iimpondo. Igusha inophondo olujikelezayo, kwaye ixhama linezitsolileyo eziphumayo. Kwaye enye into, ixhama belingekhe liye phezulu ngokuqaphelekayo kangako, ukuya kudla.

15 Kwaye ngoko ibhokhwe, ihamba, nayo, kukho uphawu-lwemvelo kwibhokhwe, kwanegusha, ekuyakuthi kufuneke uwazi umahluko kuzo, xa ubuphezulu, ngenxa yokuba zombini zihlala phezulu entabeni. Kufuneka uwazi umahluko. Kodwa ukuba uyaqaphela, i—ibhokhwe iyazikhubekisa njengokuba ihamba; apho, igusha ilubeka unyawo lwayo phantsi *kanje,* njengokuba ihamba. Uphawu-lwemvelo lwendlela eyenza ngayo umzila wayo. Usazi isilwanyana sakho osizingelayo ngeempawu-zemvelo zento esiyenzayo, kwanendlela esenza ngayo, kwanento esiyidlayo, kwanayo yonke into. Iyazazisa ngophawu-lwemvelo lwayo. Kwaye ngoko utsibele esinye, kwaye ubukele into eyenzekayo, ungaxela indlela ezihamba ngayo. Ungaxela ngophawu-lwemvelo lwezilwanyana ezahlukileyo.

16 Ngoko wakhe wayiqaphela, andazi nokuba ninazo apha okanye hayi, iiyellowhammer; kuhle, iflicker lelichanekileyo igama lazo, kwanentaka icekuceku. Intaka icekuceku imalunga nobungakanani obuye nobeyellowhammer. Kwaye uzibone zombini zibhabha, zona zombini zimalunga nohlobo olunye lwentaka. Ukuba awunakuwubona umbala, kodwa nje uzibukele, ungaxela ukuba yeyiphi iyellowhammer. Intaka icekuceku ibhabha, ngokungekude, kumgca othe tye. Kodwa iyellowhammer, iphaphazelisa amaphiko ayo; ngexa iwaphaphazelisa amaphiko ayo, iyehla ize inyuke, iyehla ize emva koko inyuke. Yabona, izenza kwimo yokutsiba, ka*njeya*, kwaye ungaxela olo luphawu-lwemvelo lweyellowhammer, indlela ebhabha ngayo.

17 Ukuba uyaqaphela i—isagwityi xa iphuma, indlela enyuka ngayo. Kwaye ke ubukele xa ukwindawo edama amanzi emvula, apho isagwityi singakhona, kunye ne—kunye nesnipe. Nina bazingeli niyayazi lonto. IWilson's snipe kwane jacksnipe, zizazisa ngendlela eziphuma ngayo nendlela ezihamba ngayo. Zizazisa ngophawu lwemvelo lwazo lokubhabha, okokuba loluphi uhlobo lwentaka eziyiyo. Ngoko ke, ukuba nje ubuzivile, ungaxela nje ukuba ibiyintoni, indlela ephume ngayo, into eyiyo, ngophawu lwemvelo lokubhabha kwayo.

18 Njengedoda nomfazi. Bobabini bangabantu, kodwa umfazi unezahlukileyo iimpawu zemvelo kwindoda. Bendifunda apha, kwixesha elithile elidlulileyo, malunga noSolomon nekumkanikazi. Andikakhe ndize ndifikelele ekushumayeleni uMyalezo wam omncinane apha, kuni, ngekumkanikazi yaseMazantsi, inyuka isiza kubona uSolomon, kwaye ibona esasipho sokucalula. Bendifunda malunga nalonto, apha kungekudala, kwaye bathi, ukuba, "Elinye lamaqashiso elathi labekwa phambi koSolomon, yayikukuba, lokumkanikazi wathatha umfazi, okanye abafazi, gxebe, waze wabanxibisa njengendoda."

19 Ngoku, oko kwakuyinto engaqhelekanga kula mhla, kodwa ihamba-namaxesha ngokuqinisekileyo, namhlanje. Kwaye—kwaye niyazi ukuba oko akulunganga. IBhayibhile ithe umfazi akumele ayenze lanto. "Kulisikizi ukuba umfazi anxibe impahla ephathelene nendoda." Kwaye uThixo ongaguquguqukiyo wakuthetha oko, ngoko oko kuyinyaniso.

20 Ngoko sifumanisa ukuba uSolomon, zange enze ngaphezulu kokubabukela, wenza ukuba bahambe okanye benze into ethile, kwaye ngokukhawuleza wathi, "Ngabafazi." Yabona, wayenokuxela ngophawu lwemvelo lwalamfazi, indlela awaziphatha ngayo, okokuba wayengumfazi kwaye hayi indoda.

21 Kwaye ngoko phantse nantoni na ngala ndlela, ngeempawu zemvelo zayo. Njengokuba abantu abaninzi bengamanxele, kwanabasebenzisa isandla sokunene. Ziluphawu lwemvelo lwendlela abaziphatha ngayo. Ungaxela ukuba ngumntu osebenzisa esokunene isandla okanye inxele, ngendlela abaziphatha ngayo, ngendlela abolula ngayo ngesa sandla sasekunxele maxa onke okanye isandla sasekunene.

Kwaye khumbula, uYesu wayenento efana naleyo, ukuba . . .

22 Izandla ezimbini ziphantse nje . . . Ziyafana. Zinohlobo olunye lwemigca yoobhontsi, imigca yeminwe, iminwe emihlanu; ucikicane, owokukhomba, kwanento enjalo. Njengokuba isandla sokunene kwanesandla sasekhohlo zinohlobo olunye lweminwe, ngokuqhelekileyo, ubungakanani obunye besandla, nje ngokuthe nqo. Kwaye kuphela komahluko okhoyo, kuzo, kukuba esinye sesekhohlo kwaye esinye sesokunene. Nango

kuphela umahluko ongawuxela. Esinye sesekhohlo, esinye sesokunene.

23 Ke ngoko kuko kokuya, uYesu wathi . . . Ndingawisa inqaku elincinci apha. UYesu wathi, kuMateyu ama-24, ukuba, "Iimpawu zemvelo zoMoya ziyakuba nokuthile ukufana ngemihla yokugqibela, zisondelelane kangangokuba ibe ibinokulahlekisa abo banyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." Yabona, beziya kuthi nje . . .

24 Uthatha isandla sakho uze nje usibambele phezulu. Yabona, ukuba awuqapheli, esinye sazo sijongeka njengesinye, ngayo yonke indlela, kodwa esinye sazo sesekhohlo kwaye esinye sesokunene.

25 Yindlela leyo imimoya eyiyo kumhla wokugqibela. Iyafana ngandlela ithile, kodwa inophawu lwemvelo eliyazisayo. Omnye ulungile, kwaye omnye awulunganga, kwaye inako ukwazeka ngophawu lwemvelo lwayo.

26 UMoya kaThixo unako ukwazeka ngeempawu zemvelo Zawo. Yabona? UMoya kaThixo, kwanomoya webandla. Kukho umoya webandla, kwanoMoya kaThixo ongafaniyo ngokuqinisekileyo nomoya webandla, konke konke.

Kukho umoya wehlelo.

27 Kukho umoya welizwe. Kukho umoya wesizwe. Sonke isizwe, xa ndiya khona, uhamba ungene phaya, ufumana umoya owahlukileyo. Ndaya eFinland, abantu abalungileyo, kodwa kwakukho umoya wobuFinnish. Ndiya ezantsi eJamani, kukho umoya wobuJamani.

28 Apha kungekudala, bendisiya nomfazi, xa besisahlala e-Indiana, iminyaka embalwa eyadlulayo, ngapha kwencinane ivenkile ephangaleleyo. Bendisandula nje ukufika ekhaya. Bekufuneka siye kufuna ukutya okuthile. Kwaye endleleni yam eya ngaphaya, sa . . . Bekulixesha lehlobo, ningangayikholwa lento, kodwa safumana inenekazi elinxibe ilokhwe. Kwaye ibingaqhelekanga kakhulu, ndi . . . Yandothusa. Nda—ndathi, "Jonga phaya, okuya kukhangeleka kungaqhelekanga, lamfazi unxibe ilokhwe." Bonke abanye babo babenxibe iimpahla ezinga . . . ezingabi kuko ukuba ngumfazi. Kwaye—kwaye wathi . . . Ndathi, "Kuhle, lowa nje ngumoya wobuMelika, yabona, umoya weMelika."

29 Ngoku, moya weMelika, uyi . . . kumele ibe sisizwe sobuKristu, kodwa umoya wesi sizwe ayibubo ubuKristu. Singabizwa ngokuba sisizwe sobuKristu, kodwa isisigidi seemayile ukusuka kubo, ngophawu lwemvelo. Ngoko, lomfazi, ndathi . . .

Wathi, "Kuhle, asingawo na thina amaMelika?"

30 Ndathi, ndathi, "Hayi. Sihlala apha. Eli lilizwe lethu. Si—si—sihlala kulo. Siyalithanda. Lisesona sizwe singcono ehlabathini.

Kodwa, nangoko, asingawo amaMelika." Ndathi, "Sizalwe ngokusuka Ngasentla. UMoya oyiNgcwele uhlile, kwaye singaboBukumkani. Asibubo obelihlabathi." Ndathi, "Naso isizathu sokuba oodade bethu banxibe iilokhwe, babe nenwele ezinde, bangabuqabi ubuso. Yabona, iimpawu zemvelo zabo zibachaza njengo 'bungcwele eNkosini,' okuvela Ngasentla."

31 Ngoko ke, sifuna uBukumkani. Sifuna iKumkani ize kwaye yamkele abaphantsi kolawulo lwaYo eBukumkanini baYo. Kwaye baziwa ngezabo—ngezabo iimpawu zemvelo, ukuba obabo ubutyebi asibubo obeli hlabathi okanye obesi sizwe. Bobangasentla, eBuqaqawulini. Ngoko ke, ba, "Bakhangela iSixeko esiMakhi noMenzi Waso unguThixo." Bayazeka ngokufanelekileyo.

32 Ndinqwenela ukuba bendinelizwi elaneleyo lokushumayela kuni ngobunye ubusuku. Kodwa ndi—ndiphuma ecaleni kokuya. Ngoku, yazeka ngeempawu zemvelo zayo.

33 Sifumana umzekelo omhle apha ngexesha likaSirayeli, bangena kwilizwe elalithenjisiwe. Kwaye uThixo wayebabizile ngokwesithembiso saKhe. Waxelela u-Abraham ukuba, Uyaku . . . imbewu yakhe iyakuba kwesi sizwe singaqhelekanga, iminyaka engamakhulu amane, aze ke Amhlangule ngesandla esikhulu esinamandla, baze baye elizweni, ngoko, lalithenjisiwe, lalibaleka ubisi nobusi. Kwaze ngoko xa lasondelayo ixesha lesithembiso, kweza u—uFaro awayengazenge aluqonde ulungiselelo olukhulu lukaYosefu awayenalo phakathi kwabo.

34 Kwaye, oku, uThixo wavelisa umprofeti ogama linguMoses. Kwaye indoda yayifundisiwe kubo bonke ubulumko bamaYiputha. Akukho mathandabuzo ukuba waye eyenkulu, ehlakaniphileyo, ekrelekrele indoda, kuba wayenokuwafundisa aMayiputa ubulumko. Kwabonakala ngathi yindoda ekufaneleyo—ekufaneleyo ukusindisa.

35 Kodwa, uyabona, into esiyibiza ukuba kukusindisa, kwanento uThixo ayibiza ukusindisa, ngothile umahluko.

36 Ngoku bukela lendoda nako konke ukwenza izinto ngendlela eyamnkelekileyo kwayo. Wayesazi ukuba wazalelwe ukuba abasindise abantwana bakwaSirayeli. Nangona, enayo yonke imfundo yakhe, oko kuphela awayekwazi, kwaye nokwazi ukuba wayebiziwe nguThixo ukuwenza umsebenzi, wayenayo yonke eyakhe . . . Wayenayo iSidanga sobuGcisa sakhe, kwanePh.D., yakhe neLL. D., kwaye neento ezinjalo. Kwaye waphuma ukuya kusindisa uSirayeli, waze waba kukusilela okupheleleyo.

37 Ngoku qaphela, kwabonakala ngathi, yena esele enonyawo etroneni eYiphutha, ukuba abe nguFaro, ukuba waye nokubasindisa abantwana bakaSirayeli emveni kokuba ethe waba nguFaro, ngenxa yokuba wayengolandelayo emgceni e—etroneni. Kodwa, uyabona, ukuba, ekuyenzeni ngalo ndlela,

kwakungayi kulazisa uphawu lwemvelo likaThixo ekusindiseni abantu baKhe.

38 Wathi Uyakubasindisa. *Yena* uyaku "basindisa ngesandla esinamandla," hayi uMoses ngomkhosi onamandla, kodwa uThixo ngesandla esinamandla.

39 Sifumanisa ukuba lomprofeti wabaleka wemnka waze wasentlango iminyaka engamashumi amane. Kwamthatha uFaro iminyaka engamashumi amane ukugqobhoza afake imfundo kuye, kwaze kwamthatha uThixo iminyaka engamashumi amane ukugqobhoza ayikhupha kuye. Ngoko siyafumanisa, ngenye imini, ukuba yena, kumva wentlango, wahlangana neNkosi uThixo kwityholo elivuthayo, kwisimo seNtsika yoMlilo ihleli etyholweni. Kwaye wacelwa ukuba akhulule izihlangu zakhe, okokuba, umhlaba awayemi kuwo wawungcwele. Ngoku jonga le ilungileyo, ichubekileyo, ifundileyo indoda, eyayiyiyo, bukela ukuguquka kweempawu zemvelo zakhe emveni kokuhlangana kwayo noThixo. Wenza eyona . . .

40 Ngamanye amaxesha uThixo wenza izinto ngenjalo ukuba lula indlela, kwaye nenjalo ukuba bubudenge indlela, ngokwendlela yenyama yokucinga. Qaphela indoda ebikukusilela okupheleleyo; nayo yonke imikhosi yaseYiphutha kwaye nezinto zonke ezimngqongileyo ukuyenza intando kaThixo, nayo yonke imfundo yakhe, kubudala obuyiminyaka engamashumi amane ubudala, esencotsheni yamandla obomi bakhe. Nanku elapha, amashumi asibhozo iminyaka ubudala, kwintsasa elandelayo, nomfazi wayo ehleli ngokungxabalaza kwi-esile, enosana kwicala lesinqe sakhe, kwaye inentonga esandleni sayo, isihla isiya eYiphutha, ukuya kuthabatha ulawulo. Uthetha ngokubonakala okuhlekekayo! Kodwa okuya kwakubonisa iimpawu zemvelo zikaThixo, ngenxa yokuba Wayenendoda eyayiya kulikholwa iLizwi laKhe. Nako konke ke. Into ngayo yayiyiyo, ungakhe ufane ulicingele ubhukuqo olwenziwa yindoda enye isiya eYiphutha, apho, umkhosi wawusilele? Kodwa yayi yintoni? Uphawu lwemvelo lwakhe, ubuchule bakhe babuguquliwe. Wayehamba eGameni leNkosi, "NDINGUYE ENDINGUYE." Into ngayo yayiyiyo, waluthabatha ulawulo. Wayenza, ngenxa yokuba wayehamba kuMandla eNkosi.

41 Endleleni yakhe, ekhokela uSirayeli ephuma esiya kwilizwe lesithembiso, wahlangana nomzalwana wakhe, umzalwana wakhe wehlelo, uMowabhi. Ngoku, uMowabhi, nangayiphi indlela, babengengabo abahedeni. Abo yayingabantwana bentombi kaLote. Komnye wabantwana babo kwa—kwaphuma uMowabhi.

42 Ngoku, phaya phezulu, ndifuna uqaphele ezi zizwe zimbini, zisekuchasaneni. Apha eYiphutha, esincinane, esisasazekileyo, kungekho sizwe sokuya kuso, akukho zintloko zolawulo okanye

akukho kumkani, okanye nanye into, okanye nabaphi na abahlonipheki phakathi kwabo, nje abantu abasendleleni yabo eya kwilizwe lesithembiso. Kwaye naku kufuneka badlule kwilizwe likaMowabhi. Belisemgceni kanye wesithembiso.

43 Kwaye uMowabhi, naye, babengabakholwa kuYehova, kwaye babenomprofeti. Kwaye uSirayeli wayenomprofeti. Zombini zazinabaprofeti.

44 Kwaye ngoku qaphela, babefike kwindawo apho umprofeti wesizwe esicwangcisiweyo wayesihla esiza kuqalekisa esinye esi isizwe, ngenxa yokuba sasingusithubeni nje, singenayo indawo eqinisekileyo yokuhlala. Ngoko behla beza.

Kwaye bukela abo baprofeti babini: Xa kufikwa ekuthetheni ngokweziseko, bobabini babechanekile kanye. Ngenxa yokuba, qaphela, uBhileham, ubhishophu, wamxelela, "Ngoku, ndakhele izibingelelo zibe sixhenxe."

45 Isixhenxe linani elipheleleyo likaThixo, limele iZigaba eziSixhenxe zaMabandla, iintsuku ezisixhenxe zokudala, nokunjalo. Ngoku qaphela, isixhenxe, uThixo upheleliswa kwisixhenxe.

46 "Izibingelelo ezisixhenxe, kwaye kwisibingelelo ngasinye ubeke i—inkunzi yenkomo." Ngoku siso kanye esifanayo isibingelelo ababenaso ezantsi kwinkampu kaSirayeli. Nako besezantsi kwaSirayeli, nesibingelelo esinye abanaso phezulu apha; kwaye nedini elifanayo, inkunzi yenkomo nenkunzi yenkomo; umprofeti nomprofeti. Izizwe ezimbini, ekuchasaneni.

47 Ongogqibeleleyo umzekelo wemini esiyiphilayo, ukuba besinexesha lokungena kulonto. Qaphela, uThixo esenza oku ngokomzekeliso, ukuba siyakuyifumanisa, ukungqamanisa.

48 Ngoku, nokunye, uBhileham wayefuna inkunzi yegusha kwisibingelelo ngasinye. Oko kwakuthetha ngokholo lwakhe kuMesiya ozayo. Inkunzi yegusha, igusha eliduna, elo lidini elinye ababenalo ezantsi kwaSirayeli; ezantsi kwinkampu kaSirayeli, apha phezulu nga—kwaMowabhi. I. . . Ngokweziseko, babechanekile bobabini, kodwa, qaphela, ngokweziseko kwimfundiso.

49 Kodwa umprofeti omnye ezantsi kwinkampu kaSirayeli wayeneempawu zemvelo zikaThixo neLizwi likaThixo. Wahlala nesithembiso sikaThixo sesiya sigaba, ngenxa yokuba wayesemgceni esiya kwilizwe lesithembiso. Yabona?

50 Ngoku, ngokuphathelene nendima yeziseko, uBhileham, uBhalaki wayenokwazeka njengokuba uMoses wayenjalo.

51 Kodwa, uyabona, uMoses, ekubeni engochanekileyo umprofeti kaThixo, wayengenazo zodwa iindima zeziseko, kodwa wayenokuzazisa kukaThixo. Yabona, wayesemsebenzini, kanye into eyayithenjisiwe kwesiya sigaba; hayi yesigaba sikaNowa, kodwa eyesigaba ngelolixa. "Ndiyakunisa kwilizwe

elibaleka amasi nobusi." Babesendleleni yabo, kwaye uSirayeli wayezibandakanye nomprofeti wabo, uMoses, noMyalezo wesiya sigaba. Iimpawu zemvelo zikaThixo zisazeka kuMoses. INtsika yoMlilo yayimlandela. Wayekwanaso nesicamagushelo sisebenza; hayi ukuthetha ngaso, kodwa enaso sisebenza. Hayi into eyakubakho; into ekhoyo kanye ngoku!

52 Qaphela, wayenenyoka yobhedu eyayiphakanyiselwe izigulo nezifo zabantu, ngoko ke uMoses wayesebenza impiliso eNgcwele. Wayenesicamagushelo, inyoka yobhedu, ziluphawu olumele ukuba uThixo wayesenkampini, kwaye abantu babejonga kulanyoka yobhedu kwaye bephiliswa.

53 Wayekwanalo neLiwa elibethiweyo limlandela. Kwaye oko kwakusazisa uThixo, ukugcina Amanzi oBomi phakathi kwabo, uvuyo nosindiso, okokuba abayi kutshabalala kodwa babe noBomi obungenasiphelo. Ibisisithunzi se. . .Ela Liwa libethiweyo entlango lalisisithunzi sikaKristu ebethiwe.

54 Ngoko, babehamba emgceni wesithembiso. Oko kwakusesinye isazisi, ukubonisa uphawu lwemvelo likaThixo. Nokuba wayekwiziseko kanjani omnye lo ngeLizwi; wayenako ukuma kwiziseko, kunye nokuzazisa, kwanophawu lwemvelo likaThixo phakathi kwabo. UThixo waZazisa. Abaprofeti ababini, bobabini bengabaprofeti, kwaye bobabini bemi kwiziseko; kodwa uThixo wazazisa iimpawu zemvelo zaKhe kuMoses, ngenxa yokuba wayenazo iimpawu zemvelo zikaThixo zikunye naye.

55 Ngoku, kwakhona, iimpawu zemvelo zikaThixo zisoloko zizezamandla angaphezu kwendalo, ngenxa yokuba Yena ungamandla angaphezu kwendalo. UThixo ungamandla angaphezu kwendalo. Akuqhelekanga, soloko, ekucingeni okungokokuhamba kwezinto namaxesha wawo umhla. Uyayazi lonto. UThixo ube engosoloko eyiphazamisa injongo yomntu, kwama—kwamaqela ezenkolo kuso ngasinye isigaba esakha sadlula.

56 Kwaye akukho nangalinye ilixa apho umntu okanye iqela labantu elakhe lazicwangcisa kunye phezu komyalezo ingengabo abathi bafa baya kwindawo yokugcina, kwaye abazange bavuke kwakhona. Akukho mbali. AmaLutere, amaRhabe, amaWisile, amaBhaptizi, abakwaMoya, kwanokunjalo, akuzange kuvuke kwakhona, xa bathe baYenza iqela.

UThixo usebenza neziqu ngasinye.

57 Qaphela, Akaqhelekanga kangako kwindlela yokucinga. Yabona, siphambukela ecaleni ngokokuhamba kwezinto, kwaye kufuneke siYikholwe *ngolu* hlobo. Aze ke uThixo afike ajikele neLizwi laKhe athe Walithembisa, aze azazise kwela Lizwi. *Eli* qela alinako ukuya kuLo, ngenxa yokuba alikholelwa kuLo. Yabona, sele ligqibile ukuzinqumla lizisuse kuLo.

58 NjengoYosefu, wayengunyana kaDavide, kwaye eyindoda elungilelyo, uYosefu umyeni kaMariya. Wayeyindoda elungileyo, kwaye ngaphandle kwamathandabuzo wayeyifunda iBhayibhile, iincwadi ezisongwayo, ngokuqhubekekayo, ngenxa yokuba . . . kwaye wayekhangela uMesiya oza kuza, kwaye wayemele ukuba uyakwazi oko iZibhalo zithe okuya kuyakwenzeka. U-Isaya wathi, "Intombi iyakumitha."

59 Kuhle, ngoku, wayehlobene nalentombi iselula, uMariya, enokuba wayeneminyaka elishumi elinesibhozo ubudala, kwaye yena enokuba wayemdala ngokuthe chatha. Kwaye ngoko xa babeganelene ukutshata, uvela ezakuba ngumama. Ngoku okuya kwakunobunzima kuYosefu ukuba abe nokuzinza kokuya. Akukho mathandabuzo ukuba uMariya wamxelela ngokundwendwela kukaGabriyeli. Kodwa siyaqaphela, indlela isimilo sakhe esasimkhokhela ngayo, wayeyithandabuza.

60 Ngoku wayefunyenwe ezakuba ngumama phambi kokuba batshatiswe. Kwaye, eBhayibhileni, esiya sohlwayo kukufa, ngokuxulutywa ngamatye. Umfazi ongatshatanga abe ezakuba ngumama, kwakufanele axulutywe ngamatywe. Kwakungekho luhenyuzo kwaSirayeli. Kwakukhutshelwa ngaphandle. Ngoko sifumanisa, kwiDuteronomi, isixelela oko.

61 Ngoku sifumanisa ukuba, uMariya, kwabonakala ngathi wayezama ukumsebenzisa uYosefu nje abe lukhuselo kwisenzo esithile asenzileyo. Ngenxa yokuba, ukuba wayefunyenwe sele ezakuba ngumama phambi kokuba batshate, ngoko kumele axulutywe ngamatye, kwaye kumele afumane ngoku umntu othile ongathi ame njengokhuselo lwakhe. Kwaye oko kwabonakala, ngokukhulu, ngokungathi yilonto awayezama ukuyenza.

62 Kodwa uYosefu ejonga kulo mehlo akhe makhulu mahle, kwaye wayesithi, "Yosefu, uGabriyeli uthe kum, 'UMoya oyiNgcwele uzakusibekela, kwaye leNto izakukhawulwa kuwe—kuwe yeyoMoya oyiNgcwele. NguThixo. Yilento Izakubizwa ngokuba, ngu "Nyana kaThixo."'" Kwaye, uYosefu, wa—wa—wayefuna ukuyikholwa lonto, kodwa yayingaqhelekanga kangako. Oko akuzange kwenzeka ngaphambili.

63 Kwaye oko yindlela nje ekuyiyo namhlanje. Ukuba kuphela besinoku . . . Ukuba bendinendlela ethile yokwenza abantu babone ukuba ukungaqheleki kwayo nayiphi na into, ukuba iyaziswa liLizwi, ngoko iimpawu zemvelo zayo ziyayiqondakalisa ukuba iyintoni. NguThixo ekwisenzo.

64 UYosefu kwakufanele abe ukwazile oku. Wayefanele abe uyazile, "Intombi iyakumitha." Kodwa wayenyanisekile malunga nayo. Wayengafuni kumala, bucala, kodwa wa—wayecinga ngokuyenza.

65 Yaze ngoko iNgelosi yeNkosi yabonakala kuye ephupheni. Wakhe wayifuna ukuba kwakutheni ukuze Abonakale

ephupheni? Kwakungekho baprofeti ngaloo mihla. Iphupha labo lalilula kakhulu, lalingadingi kutolikwa. Wathi, "Yosefu, nyana kaDavide, musa ukoyika ukumthabathela kuwe uMariya umfazi wakho, kuba oko kukhawulweyo ngaphakathi kwakhe kungoMoya oyiNgcwele." Yabona, ngoko, oko kwayiphelelisa apho. Yabona, Weza kuye ephupheni, okwesibini. Kodwa, uyabona, kwakungekho mprofeti phaya wokulazisa ela Lizwi, ukuba, "Yiyo le intombi eza kumitha." Yabona? Ke, ngokoke, Wabonakala kuye ephupheni, ngenxa yokuba wayenyanisekile kwaye elilungisa kwanendoda elungileyo.

66 Kwaye ndiyakholwa ukuba uThixo uyakuza nakuyo nayiphi na indoda elungileyo, ngandlela ithile, aze azazise izenzo zaKhe ezilungileyo kulo ndoda, ukwenzela isigaba, ukuba loo ndoda ibizelwe eso sigaba nguThixo.

67 Ngoku, kodwa ibingaqhelekanga kangako, babengenako nje ukuyiqonda into eyiyo. Kodwa, soloko, ukubonakala ngokweLizwi elithenjisiweyo lesigaba, konke oku kungaqheleki.

Ngoku kukho abantu abathile abangajikeleza, baze bathi, "Kuhle, *oku* akuqhelekanga, nguThixo lowo. *Oku* akuqhelekanga."

68 Kodwa, uyabona, kufanele yaziswe ngeLizwi, kwaye iLizwi nguThixo. Yabona? Kwaye ke uphawu lwemvelo loku kwazeka luyayazisa ukuba ngubani, ngoba uThixo wathi, "*oku* kuyakwenzeka," kwaye kuyenzeka. Yabona? Uphawu lwemvelo lwayo liLizwi likaThixo lisazeka ngophawu lwemvelo lwayo lento iqhubekayo.

69 Wathi ngemihla yokugqibela uyakuthulula uMoya oyiNgcwele. Wakwenza oko. Iimpawu zemvelo zayo zayazisa ukuba yayinguThixo, iLizwi laKhe lithenjisiwe. Yabona, isoloko izazisa.

70 Ngoku, soloko, lonke ixesha, ilungisa ilizwi, xa iLizwi lithethwe ngokuphosakeleyo. Wakhe wayiqaphela? Kwakukwimihla kaNowa, okuya kwasilungisa esa sigaba senzululwazi, ukuba uThixo wayeza kuzisa amanzi esihla ephuma emazulwini. YayinguMoses, yabona, owakulungisayo xa bonke babe zinzile phantsi eYiphutha, kwaye nezinto ezinjalo, kodwa iLizwi likaThixo kwakufanele lize lizokwazeka. Kwaye iNyaniso yeLizwi iyasilungisa isiphosiso.

71 Mandikubuze into ethile. Singangena nzulu kancinci apha. Andimelanga kushumayela isifundo okanye imfundiso, kodwa mandikubuze nje into ibenye.

72 UYesu wayeliLizwi. Siyakwazi oko. IBhayibhile ithe kunjalo. UYohane oNgcwele, isahluko soku-1, "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekunye noThixo, waye uLizwi enguThixo. Waze uLizwi waba yinyama waze wahlala phakathi kwethu." Uselilo iLizwi. Ngoko xa Wayenako ukuqiqa iingcinga

zabo, babemele ukuba bayazile ukuba oko yayiliLizwi, ngenxa yokuba iLizwi likaThixo lithe nantso into Ayakuyenza. WayenguMprofeti.

73 Ngoku qaphela, sifumanisa ukuba xa Wazalwayo, malunga neminyaka elishumi elinesibini ubudala, Waya phezulu esidlweni somnquba. Kwaye babeye phezulu phaya kwiPasika. Kwaye, kwindlela yabo ebuyayo, babehambe uhambo lweentsuku ezintathu baze balahlekana naYe; beqiqa, becinga, gxebe, beqikelela ukuba Wayephandle kunye nabantu babo.

74 Singenza isifundo ngokuphuma koko. Ininzi lonto namhlanje! Ngoku wena mWisile, mBhaptizi, mRhabe, mLuthere, mKatolika, nantoni na oyiyo, yabona, wenza lanto inye. Uyaqiqa ngenxa yokuba uWesley wayenemvuselo enkulu, uLuther wayenemvuselelo enkulu, okanye abakwaMoya babenemvuselelo enkulu, uyaqiqa ukuba Ukunye nabantu, ngexa, ngamanye amaxesha Engekho phaya.

75 Bahamba besiya kuMfuna. BaMfumana phi? Apho babeMshiye khona, eYerusalem. Kwaye xa baMfumanayo, Wayesenza ntoni? Inkwenkwe encinci, ishumi elinesibini iminyaka ubudala, kunokwenzeka ukuba wayengazange asingene isikolo engenako okungaphezulu koko umama waKhe wayeMfundise kona; kwaye naku Elapha etempileni, exoxisana nabo babingeleli, malunga neLizwi likaThixo. Kwaye babekhwanqisiwe bubulumko baloMntwana. Kutheni? WayeliLizwi. Ngoku qwalasela.

76 Kwaye ngoku ndingenzi ukunganihloniphi nina bantu bangamaKatolika ababiza uMariya umama kaThixo, kodwa nje mandinibonise imposiso encinane apha. Ukuba ibandla lakhiwe phezu kukaMariya, qwalasela kwenzeka ntoni. Ngoku wenyuka weza waze wathi, “Owu, ubawo waKho nam besiKufuna, sineenyembezi.” Qwalasela la ntetha, wasingela phantsi ke ubungqina bakhe. Wathi, “Ubawo wakho nam besiKufuna, sineenyembezi.”

77 Qwalasela ela Lizwi. WayeliLizwi. Wathi, “Anazi na ukuba ndimelwe kukuba semicimbini kaBawo waM?” Qwalasela iLizwi lilungisa imposiso. Kanye phaya phambi kwabo babingeleli, wabonakalisa ubungqina bakhe. Wayethe ukhawulwe nguMoya oyiNgcwele, kwaye naku apha esithi uYosefu ngu “bawo” waKhe. Yabona elaLizwi liyibamba ngokukhawuleza? WayeliLizwi. Ngoku, niyazi inkwenkwe eminyaka ilishumi elinesibini ubudala ibingenakuyenza lanto. WayeliLizwi. WayeliLizwi elithethiweyo lesiya sigaba, ke ngokoke olwazekileyo uphawu lwemvelo lukaThixo lwalikuKristu. Walungisa iimposiso. Wathi . . .

Bathi, “Kutheni, singabafundi bakaMoses.” Yabona?

78 Wathi, “Ukuba beningabafundi bakaMoses, ngenindazi Mna. Wabhala ngaM. UMoses wathi, ‘UYehova uThixo wenu uyakunivelisela uMprofeti onjengam.’ Ngenindazi Mna ukuba benimazi uMoses.”

79 Kwaye, yabona, iLizwi lisoloko liyilungisa imposiso yomhla. Kodwa abantu abathandi ukuyikholwa. Bayabambelela nje kanye ngokuqhubekayo, nje ngokufanayo.

80 Kodwa uYesu walungisa owaKhe umama. Kwaye umama waKhe wayekwimposiso, ngokuba wayesele etshilo ukuba lowo yayinguMntwana okhawulwe kuye ngoMoya oyiNgcwele, kwaye apha ujika ubungqina bakhe aze athi uYosefu yayingu “bawo,” wakhe yayingubawo ka—kaYesu. Ngoku ukuba—ukuba uYosefu . . .

81 Ukuba Wayengunyana kaYosefu, ukuba Wayesemicimbini kabawo waKhe, ngeWayesezantsi kwivenkile yomchweli.

82 Kodwa Wayesemicimbini kaBawo waKhe, phezulu phaya eTempileni, ekhalimela lamibutho. Yabona? Wayesemicimbini kaBawo waKhe, Inkwenkwana nje eneshumi elinesibini iminyaka ubudala. “Anazi na ukuba ndimelwe kukuba semicimbini kaBawo waM?”

83 Nakhe naqaphela na xa uYesu walingwa nguSathana? Uphawu lwemvelo lwaKhe phaya, xa Wayesekulingweni kwaKhe, lwaMazisa ukuba unguThixo, ngenxa yokuba Wahlala neLizwi. Yabona? “Kubhaliwe,” watsho uSatana.

UYesu wathi, “Kubhaliwe kananjalo,” wahlala kanye neLizwi.

84 “UThixo, kumaxesha akudala,” sifundile apha. “UThixo, kumaxesha amandulo,” lawo ngamaxesha akudala, “ngeendlela ezininzi,” iindlela eziliqela, “waZazisa kubaprofeti baKhe ngemibono.” Olo yaye iluphawu lwemvelo lomprofeti, kuxa wayexela izinto kwangaphambili ize yenzeke. Ngoku olo yaye iluphawu lwemvelo lokwazeka kwakhe, ukuba uThixo waye kunye naye. Ngoko oko kumnika amalungelo okutolika iLizwi lalomhla, ngenxa yokuba, “Ilizwi likaThixo liza kubaprofeti,” uphawu lwemvelo lomprofeti, kukuba Awalixela kwangaphambili.

85 IBhayibhile yathi, “Ukuba kukho omnye, kuze oko akuthethayo kwenzeke, ngoko mveni yena; kodwa, ukuba akwenzeki, musani ukumkholwa, musani ukumoyika, kodwa elaM . . . ukuba—ukuba iLizwi laM alikho kuye. Kodwa ukuba kuthe kwabakho, ngoko iLizwi laM likuye.” Oko kukwazeka kwakhe. Olo luphawu lwemvelo lomprofeti.

86 Ngoku, uThixo, kumaxesha akudala, yiyo leyo indlela Awabonakalisa iimpawu zemvelo zaKhe zokwazeka kwaKhe emntwini, ngokuthetha ngendoda ebizelwe ukuba ibe ngumprofeti. Ngoku, iBhayibhile iyatsho ukuba, “UThixo,

kumaxesha adlulileyo, ngeendlela ezininzi, wathetha koobawo ngabo abaprofeti."

87 Sikwayifundile, ngaphaya kuPetros Wesibini, ukuba lilonke iLizwi likaThixo labhalwa ngabo. "Amadoda akudala, aqhutywa nguMoya oyiNgcwele, abhala iBhayibhile." Babengabaprofeti. ILizwi liza kubo baze baLibhala, balibhala phantsi, bephantsi kwempembelelo. Okokuqala babengabaprofeti abaziwayo, ngoko ba—balibhala iLizwi lempembelelo, kwaye babenako ukutolikwa kwesityhilelo sobuNgcwele ngenxa yokuba yaye inguThixo esemntwini.

88 Ngoku nantso indlela AZibokalise ngayo kwiimpawu zemvelo zokwazeka kwaKhe, imibono yabo ingqinelwe, yayiluphawu lwemvelo lukaThixo kubo, eZazisa ebantwini.

89 Ngoku, oko kukuphela kwendlela Awaba kuKristu ngayo. Umprofeti waye elichaphaza nje elincinci. UKristu waye eyinzaliseko kaThixo. Kwaye uThixo waye ekuKristu, exolelanisa ihlabathi kuYe. Kwaye iimpawu zemvelo zaKhe zaMazisa, into Awabe eyiyo, ngokokude Athi, "Ukuba andenzi imisebenzi kaBawo waM, ngoko musani ukuyikholwa. Ukuba andinaso isimilo sikaBawo waM, ngoko musani ukuNdikholwa, musani ukuwakholwa amabango aM. Ukuba andinaso isimilo sikaBawo waM kuM, ngoko musani ukuyikholwa, konke konke."

90 Ngoku, iimpawu zemvelo zaKhe azikhe ziguquke. UThixo akanako ukusiguqula isimilo saKhe, kungekho ngaphezulu kunokuba—kunokuba i—imvu ingena kusiguqula isimilo sayo, okanye nayo nantoni na ingena kuziguqula iimpawu zemvelo zayo. Ngenxa yokuba, okoko nje ikwisimo soqobo lwayo, isimo soqobo lwayo. Kwaye ukuba uyayiguqula nantoni na, ngoko uyiguqule wayisusa kwisimo soqobo lwayo.

91 Kunje ngokuba ungathatha i—ihagu, kwaye ungayihlamba ihagu uze—uze uqabe lapeyinti kumazipho eenzwane zayo, njengoko besenza abafazi, uze uyilungise ke ngesiqaba milebe, uze uyifake kwilokhwe entle. Khulula lahagu indala iphume, iyakuya nqo emgxobhozweni, ize iziqikaqike kwakhona. Kutheni? Iyihagu, kuphelele apho. Kodwa, kwaye, kodwa, uyazi, awunaku kwenza . . .

92 Imvana ayinakuyenza lonto. Ayinakungena nokungena koladaka. Ayifuni nto yakwenza nalo. Ziimpawu zeemvelo zayo. Yabona? Ungayinxibisa kuhlobo olunye lweempahla, kodwa ngokuqiniseka ayingekhe, ngokuqiniseka ayingekhe iye. Umphandle awukhathaliseki; ngumphakathi. Ngoku, uThixo ekubeni engumthombo wabo bonke ubomi . . .

93 Musa ukusilela ukukufumana oku. Ndiyazama, ngokwako konke okungaphakathi kwam, ukunenza nibone into ethile. Yabona? Yeyokwenzela okunilungeleyo, zihlobo. Yeyokwenzela ni—nina. Yabona?

94 Andizanga apha nje ukuba ndibonwe. Andizanga apha, bekungekho enye indawo yokuya. Ndize apha ngenxa yokuba ndibenemvakalelo yokuza apha. Ndivakalelwa ukuba ulungiselelo iNkosi endinike lona kumele luboniswe phakathi kwabantu apha, kwaye ndizama ukunenza nibone into ayiyo ngenene uThixo ngoku. UliLizwi laKhe elithenjisiweyo. Usoloko eliLizwi, kwaye UyaZazisa ngophawu lwemvelo Alithembisileyo. Isimilo esithile siyakuvela ngexesha elithile, oko kuseLizwini, ngoko uphawu lwemvelo lwalomntu omele ukuvela luyamazisa ukuba nguye loomntu.

95 Naso isizathu sokuba uYesu abe nguLowo Wayenguye. Babemelwe ukukubona oko. Akumangalisi ukuba babezimfama. Into . . . Wathi, nangona Enze engako ubuninzi imimangaliso, babe bengenako ukukholwa, ngenxa yokuba u-Isaya wathi, "Banamehlo babe bengaboni, kwaneendlebe babe bengeva." Yabona? Isigaba ngasinye, hayi kuphela esaKhe isigaba; kodwa isigaba nesigaba, njani, "UThixo, kumaxesha akudala, ngeendlela ezininzi," nangoko babengenakho nje ukuyifumana.

96 Ngoku, iimpawu zemvelo zaKhe azikhe zisilele. Zisoloko ziyinto enye. Ngoku, khumbula, uphawu lwemvelo lwaKhe, uphawu lwemvelo lukaThixo, alungekhe lusilele. Ukuba luyasilela, ngoko uThixo usilele. Kwaye iBhayibhile ithe, kumaHebhere 13:8, ukuba, "UYesu Kristu unguye izolo, namhlanje, nangonaphakade." Ngokoke, UnguThixo onganekuguqulwa. Nasiphi na isimilo Awayesiso ekuqalekeni, Use seso similo unangoku. Yonke indlela Asebenze ngayo, naliphi na ixesha Awakhe wenza nantoni na, Uyenza ngendlela enye lonke ixesha. Ukuba Akenzi njalo, sisimilo saKhe siguqukile, yabona, kwaye iimpawu zemvelo zaKhe ziyakubokalisa into ethile engeyiyo ekaThixo. Yabona? Ngoko asiyi kuyazi apho . . .

97 Njengoko uPawulos wathi, "Ukuba ixilongo lithe lanika isandi esingaqondakaliyo, ngubani oyakukwazi ukuxhobela imfazwe, ukuba ixilongo lithe lanika isandi esingaqondakaliyo?" Ngoku ukuba ixilongo limele ukuvakalisa "makubuywe umva," nantso into ekufanele siyenze, ukubuya umva. Ukuba ixilongo lilila ngezwi "makuhlaselwe," nantso into esimele ukuba siyenze, kukuhlasela. Kodwa yintoni iXilongo? LiLizwi likaThixo. Lazisa uThixo, nokuba ngu—nokuba ngu "nyukani, hlalani phantsi, buyani umva, misani izixhobo," nantoni na ekuyiyo. Kukuvakala kweXilongo likaThixo.

98 Kwaye isandi esingaqondakaliyo, xa iBhayibhile isithi into ethile imele ukuba yenzeke; umntu othile athi, "Owu, oko kwakusuka komnye umhla, oko." Ngoko kukho isandi esingaqondakaliyo apho. Ngoko awuyazi into omawuyenze.

99 UYesu wathi, “Ndinamandla okububeka phantsi ubomi baM ndibuye ndibuvuse kwakhona.” Akukho zwi lingaqondakaliyo apho.

100 Umfazi wathi, “Siyazi uMesiya uzakufika; kwaye xa Efikile, Uyakusixelela izinto njengoko Wenzayo.”

101 Wathi, “NdinguYe.” Akukho sandi singaqondakaliyo phaya. “NdinguYe.” Uh—huh! Amen.

Bathi, “Oobawo bethu badla imana entlango.”

102 Wathi, “Bona, bonke, bafile.” Wathi, “Kodwa NdisiSonka soBomi esiphuma kuThixo eZulwini.” Akukho sandi singaqondakaliyo. “NdinguMthi woBomi, ovela emyezweni wase Eden.” Hayi, akukho sandi singaqondakaliyo malunga noko. Ngokuqinisekileyo alikho. Akukho nto ingaqondakaliyo malunga noko. Wayeqinisekile kwinto nganye eWayeyenza.

103 IBhayibhile ayiniki sandi singaqondakaliyo. Yazisa uphawu lwemvelo lukaThixo ekuvakaliseni kwayo.

104 UYesu wathi, kuYohane oNgcwele 10:37, “Ukuba andenzi imisebenzi kaBawo waM, yintoni . . . kwaye Andinaso esa similo sikaBawo waM, ngoko musani ukuNdikholelwa. Zona Zizo, Zazisa isimilo saKhe esikuM, iimpawu zeemvelo zaKhe.”

105 Ngenxa yokuba, uBawo liLizwi, “Ekuqalekeni ube ekhona uLizwi, waye uLizwi ekunye noThixo, waye uLizwi enguThixo,” kwaye uphawu lwemvelo lukaThixo lubonakaliswa sisithembiso saKhe seso sigaba.

106 Ngoku ukuba Ebephile kwixesha likaMoses, ibingenakusebenza. Kwaye ukuba uMoses ebephile kwelaKhe ixesha, ibingenakusebenza. Ukuba Ebephile kwixesha likaNowa, ibingenakusebenza, okanye ukuba uNowa ebephile kwelaKhe ixesha. UNowa wayeprofeta ngezinto zalamhla, kwaye uphawu lwemvelo lwakhe kwanento awayenzayo yamazisa kunye neLizwi likaThixo. UMoses wenza lonto inye.

107 Kwaye apha uYesu esiza, kwaye iLizwi elalithenjiswe esa sigaba lazeka kuYesu Kristu ngophawu lwemvelo lweLizwi, elinguThixo. Amen.

108 Ukuthululwa koMoya oyiNgcwele, kwimihla yokugqibela, phezu kwabantu abaqhelekileyo, kuye kwazisa uphawu lwemvelo lukaThixo ebantwini. Wayekuthembisile. LiLizwi. Wathi Uyakukwenza. Akukho mntu ungakuthatha akubuyise umva. Wathi Uyakukwenza.

109 Ngoko zonke ezi zinto Azithembisileyo, nantso into Ayenzayo. Yazisa uphawu lwemvelo lwaKhe. Ewe, mhlekazi. “Musa ukuyikholwa, musa ukuwakholwa amabango aM, ukuba uphawu lwemvelo lwaM asililo elo lukaThixo.”

110 Ngoku qaphela kuYohane 14:12, “Lowo ukholwayo kuM,” Watsho, “unako ukwazeka kwaM, uphawu lwemvelo laM. Lowo

ukholwayo kuM, imisebenzi Endiyenzayo uyakuyenza naye." Oko kwazisa ukuba isimilo sikaKristu sikuye, sibonakalisa iimpawu zemvelo zaKhe. Amen.

111 Ndiziva ndingonenkolo kamnandi kanye ngoku, ukuba ilizwi lam liyarhwexa. Ewe, mhlekazi. Owu, bethu! Yabona, akukho mpazamo malunga naYo! Ubomi baKhe! "Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi Endiyenzayo uyakuyenza naye." Yabona, oko kwazisa uphawu lwemvelo.

112 Into enye Awayithethayo: "Ukuba isimilo saM asindazisi Mna," uThixo e—ekuYe, ngoko U . . . musa ukuMkholwa. Ngoku, Wakutsho nokuba uyakwazeka kuko okuya. Ngoko, okuya, ukuba akuMazisi, ngoko Akakuko oko Akutshoyo.

113 Kwaye, namhlanje, ukuba uKristu Akazazisi, uphawu lwemvelo lukaKristu lusazise thina njengabakaKristu, sikholelwa iLizwi . . . uYesu waye eliLizwi, ngoko kwafuneka Akholwe iLizwi. Kwaye singathini ukuthi singabakaKristu, size sikhanyele naliphi iLizwi layo laBhayibhile? UMoya oyiNgcwele kaKristu nguThixo ekuwe, kwaye Uyakubeka u "Amen" kwisithembiso ngasinye. IBhayibhile ithe, "Lemiqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo." UMoya kaThixo wathi, "Amen." Yabona?

114 Omnye wabo akatsho, "Hayi, oko kwakukokwesinye isigaba; oko kwakukokwabafundi bodwa."

115 "Yiyani kulo lonke ihlabathi nishumayele Iindaba eZilungeleyo kuyo yonke indalo. Lowo, naphi na kulo lonke ihlabathi, ukholwayo, le miqondiso iyakumlandela, into enye." "Nguye izolo, namhlanje, nangonaphakade," uphawu lwemvelo lusazeka.

116 Oko kwenza amaHebhere 1:1, "UThixo wakumaxesha akudala, ethetha koobawo ngabaprofeti," esazisa uKristu, evukile namhlanje, ngophawu lwemvelo olunye Awalenzayo kumaxesha akudala. Ingaba uqaphele? UThixo akakhe ayiguqule indlela yakhe.

117 KwiBhayibhile endala, xa umphuphi ephuphe iphupha, kwaye kungekho mprofeti elizweni ukubona ukuba eli phupha lichanekile okanye hayi, babenenye indlela yokufumanisa. Babemthatha lomntu, nokuba ngubani ophuphe iphupha, bamthathe bamse ezantsi etempileni. Isigcina sifuba sikaAaron, owayengumbingeleli omkhulu, sasijinga esibondeni. Aze lomphuphi axele eli phupha. Nokuba livakala lilunge kanjani, livakala liyinene kanjani; ukuba bekungekho kuKhanya kwamandla angaphezu kwendalo okuthe kwakhanya kuloomatye, abizwa ngokuba yiUrim neTumim (Abafundi beBhayibhile bayaqonda); ngoko, andikhathali ukuba ivakale iyinene kanjani, ibingenjalo. Ukungaqheleki kukaThixo, isimilo sikaThixo, kwafuneka abonakalise iipawu zemvelo zaKhe

kumandla angaphezu kwendalo, ukubonisa ukuba Uyazazisa kulomyalezo. Amen.

118 Nditsho into enye ngobu busuku. I-Urim Tumim endala ayisekho, kodwa iLizwi liseyiyo into eyazisa uphawu lwemvelo lukaThixo, isithembiso seyure esiyiphilayo. Kukho iimpawu zemvelo zikaThixo zazisiwe ngesithembiso seyure esiphila kuyo.

119 Oko kumenza uThixo into enye Awayeyiyo. "Kumaxesha akudala," jonga, "ngeendlela ezininzi, Wathetha koobawo ngabo abaprofeti." "Kwaye umthetho nabaprofeti babekho de kwaba nguYohane; ukusukela ngoko, uBukumkani beZulu." Qaphela, "Kodwa kulo mhla wokugqibela," ethetha into enye Awayithethayo ngoko, "ngaye uNyana waKhe uKristu Yesu." "UThixo, kumaxesha akudala, ngeendlela ezininzi, wathetha koobawo ngabaprofeti; kulomhla wokugqibela," esenza into enye, "uthetha ebantwini (oobawo) ngaye uNyana waKhe uKristu Yesu." UMvusile kwabafileyo, kwaye Uyaphila ngaphakathi kwethu, eZazisa kwaye esixelela izinto kwangaphambili, ukuba Ungumcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo. UYesu Kristu ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade! "UThixo, kumaxesha akudala ngeendlela ezininzi wathetha kubo oobawo ngabaprofeti, kodwa kule mihla yokugqibela ngaye uYesu Kristu uNyana waKhe." ISibhalo asinako ukonakaliswa. Sinjalo kanye.

120 Njengokuba bendikhe ndatsho ngaphambili, uThixo akadingi nawuphi na umntu ukutolika eli Lizwi. Uyalitolika iLizwi eLilelaKhe. Xa Esitsho nantoni na, iyenzeka, olo lutoliko. Yabona? Akadingi namnye ukuba athi, "Kuhle, ndiyakholwa lithetha *oku*." UThixo uyalazisa ngokutolikwa okukokwaKhe.

121 Ingaba, ukuba isithembiso sesalomhla, asinakuphila kukukhanya kuka—kuka—kukaLuther, asinakuphila kukukhanya kukaWesley, asinakuphila kukukhanya kwazo naziphi ezo. Kufanele siphile ekuKhanyeni okuthenjisiweyo kwalomhla.

122 Kwakungathini ukuba uMoses wayengaya ezantsi eYiphutha, aze athi, "Kuhle, siza kukwakha umkhombe omkhulu. Sizakudada ukuphuma kweli lizwe. INayile iza kunyuka"? Babeya kujonga kwincwadi esongwayo; akukho sithembiso sako oko. Oko kuchanekile. Kodwa, uyabona, wazazisa njengomprofeti kaThixo, ngokuba oko wakutshoyo kwabakho, ngoko bayazi wayenalo iLizwi leNkosi. UFaro wayenemikhonto, kodwa uMoses wayeneLizwi. Ngoko xa bafikayo elwandle, imikhonto yonke yangena ngaphantsi kolwandle; waze uMoses wathatha uSirayeli wamwelisa ulwandle, kumhlaba owomileyo, ngenxa yokuba wayenalo iLizwi, kwaye waye eli Lizwi lalayure. UMoses waye eli Lizwi lenziwe labonakalaliswa ukwenzela layure.

U-Eliya waye eliLizwi lenziwe labonakalaliswa ukwenzela layure.

123 UKristu uliLizwi lenziwe labonakalaliswa, kwaye nezithembiso Awazenzayo. “Liselilifutshane ixesha ukuze ihlabathi lingabi saNdibona; ke nina niyakuNdibona, ngoba ndiyakuba nani, nakuni, kuse esiphelweni sehlabathi. Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani.” Wazithembisa ezi zinto. Yintoni? Luphawu lwemvelo lukaThixo libonakalisa iLizwi laKhe, njengokuba Wenzayo kuzo zonke izigaba.

124 UMalaki isi-4, Wathi, “Phambi kokuba umhla omkhulu owoyikekayo weNkosi ufike, yabonani, Ndithumela kuni u-Eliya umprofeti; kwaye uyakubuyisela ukholo lwabantwana kooyise kwakhona, phambi kokuba lamini ifike.” Wayithembisa.

125 UYesu wathi, kwese 17 isahluko sikaLuka oNgcwele, “Njengoko kwakunjalo ngemihla yeSodom, kuya kuba kwanjengoko ekuzeni koNyana womntu, xa uNyana womntu etyhilwa.” Xa isityhilelo sizicombulula, ngemihla xa ihlabathi liyakuba njengeSodom, iyakuba yintoni? Uphawu lwemvelo lwaso esoSibhalo sizalisekiswa. UThixo eZazisa ngophawu lwemvelo lwaKhe, iimpawu zemvelo Awayekade esoloko ezizo. Akanako ukukushiya oko.

126 Imihla yokugqibela, Wayazisa ngoNyana waKhe. Qaphela uThixo uzenza njani ezi maxa onke kwi—njengoko Esol-. . . Akakhe ayiguqule indlela yaKhe.

127 Lamadoda mathathu athetha noAbraham, njengoko besithetha nje phaya, kwimihla yeSodom.

128 UAbraham waye eyindoda emkholwayo uThixo. Wamthatha uThixo kwisithembiso saKhe. USarah, umfazi wakhe, wayenamashumi amathandathu anesihlanu iminyaka ubudala, uAbraham wayenamashumi asixhenxe anesihlanu, xa uThixo wambizayo. Wathi baza kufumana u—umntwana; uAbraham uyakufumana umntwana ngoSarah. Ingavakala iyehlekekayo kancinci, kodwa ndinomfanekiso nqondweni wafumana zonke i—izihlangu zeentsana nezipeliti ezincinane, kwanento yonke, zaba zezilungisiweyo, ngenxa yokuba babeza kumfumana lomntwana.

129 Emveni kwezokuqala iintsuku ezimashumi amabini anesibhozo, ngoba, uAbraham unokuba wathi kuSarah, “Uziva njani, sthandwa?”

“Akukho mahluko.”

“Uzuko kuThixo, sizakuba nalo, nakanjani.”

“Wazi njani?”

“UThixo utshilo.”

Unyaka wadlula. “Uziva njani, sthandwa?”

“Akukho mahluko.”

"Sizakuba nalo, nakanjani. UThixo utshilo."

Iminyaka emihlanu yadlula. "Uziva njani ngoku, sthandwa?"

"Akukho mahluko."

"Sizakuba nalo, nakanjani. UThixo utshilo."

130 Yaye iyintoni? Wayenesithembiso sikaThixo. Wayemkholwa uThixo, kwaye wenza njengoThixo: wabambelela kwiLizwi elithenjisiweyo. La . . .

131 Iminyaka engamashumi amabini anesihlanu yadlula. Izihlangu zeentsana sele kukudala zajika zamthubi, kodwa wayesabambelele kuzo. Ngoku mdala, kwaye ugobile, kwaye ukwesibi isimo; kwaye isizalo sikaSarah silunge nje ngesifileyo, kwaye ungongena mbewu. Kwaye enjani imeko abakuyo!

132 "Uziva njani, Abraham, yise wezizwe?" izihlobo zakhe ezingamakholwa okuzenzisa zimana ukutsho kuye.

133 "Kuhle, uzuko kuThixo, ndiziva kakuhle. Sizakuba nalo ola sana, nakanjani." Ngenxa yokuba akazange akhubeke kwisithembiso sikaThixo ngenxa yokungakholwa; kodwa womelela, enika ukubongwa kuThixo, ngokuba wayeyisekile ngokupheleleyo ukuba oko uThixo akuthethileyo, uThixo unako nokukwenza. Amen. Nalo uphawu lwemvelo lwekholwa.

134 Kuyintoni ngawe? Yabona? Kuyintoni ngathi, abantwana bakaAbraham? Ingaba sibandakanyiwe neLizwi likaThixo, njengesithembiso, kwaye uphawu lwemvelo lethu lusazisile, ukuba ngenene siyaLikholwa? Okanye, senza nje ukuzilazila, sitsibe ukusuka *apha*, nangaphesheya *apha*, nasezantsi *apha*, size siqikelele, kwaye sizilazile sijikeleza, malunga naLo? Ngoko, asingawo amaKristu, siyazenzisa nje ukukholwa.

135 Kodwa, xa sisima ngenene kwesa sithembiso, sime kanye apho kwaye sihlale naLo! U-Abraham wenza.

136 Ngoku sifumanisa, ngenye imini wabona amadoda amathathu esiza, ehamba. IBhayibhile yathi apha, "Kwakusekufudumaleni kwemini," kumele ukuba kwakumalunga nokuqina kwemini. La madoda ahamba enyuka kwaye ethetha kunye naye. Siyaqonda ukuba amabini kuwo aya ezantsi eSodom. Ndiyakholwa sithethe ngayo ngobunye ubusuku. Enye yawo yahlala naye.

137 Bukela leNdoda awayibiza . . . eyahlala kunye naye, into leNdoda eyayenzayo. Yona yathi yazeka ngophawu lwemvelo lwaYo, ukuba Yaye ingu-Elohim.

138 U-Elohim, igama elilelokuqala eBhayibhileni, "Ekuqaleni uThixo . . . " Ngoku, nawuphi na kuni zifundiswa niyayazi ukuba ela agama *uThixo* phaya lithetha, kwisiHebhere, ngu "Elohim," okuthetha, "uSomandla, onokwanela konke, oziphilelayo," akadingi luncedo nakubani na, akadingi nokukabani na

ukutolika; wenza okuKokwaKhe. UnguThixo owanele konke, okho endaweni zonke, onokwazi konke, onamandla onke. UnguThixo.

139 Nanko Elapho. Kwaye uAbraham ngoku, lo bawokhulu owayenako ukulibamba iLizwi, wajonga kuloMfo. Kwaye xa loMfo wanikela umva waKhe ententeni, Wathi, "Uphi umkakho, uSara?"

Wathi, "Usententeni, emva kwaKho."

140 Wathi, "Ndizakukundwendwela ngokwexesha lobomi, kwaye uzakulufumana olusana eNdilithembisileyo kuwe."

141 Kwaye uSara wahleka malunga nako. Kwaye Lo wayethetha naye, wamxelela into uSara ayithethileyo ententeni, emveni kwaKhe.

142 Ngoku, kwiGenesis, uyakuyifunda lonto. Sifumanisa ukuba ngoko, u-Abraham, emveni kokuba leNdoda iZazisile . . .

143 Yaye iyintoni? AmaHebhere, ese-4 isahluko, owe-12 umqolo, athi, "ILizwi likaThixo libukhali, linamandla ngaphezu kwekrele elintlangothi mbini, umcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo."

144 Wayesazi ukuba yiyo le loNdoda. Wayesazi ukuba akukho baprofeti elizweni kodwa yena, kwaye ngoko iLizwi leNkosi lalize kuye. Kwaye wayengumprofeti, kwaye apha iLizwi liza kumprofeti.

145 Into enye noYohane umBhaptizi. Bekungekho mprofeti iminyaka engamakhulu amane. Ndiyakhumbula . . .

146 Mhlawumbi omdala uGqirha uDavis uhleli apha, ngobubusuku, umshumayeli wakudala wamaBhaptizi angamaMissionary owandibhaptizela eluKholweni. Wayedla ngukuxoxisana nam. Wathi, "Billy, ungumntwana nje ngoku. Ufanele umamele kum."

Ndathi, "Kulungile, Mzalwane uDavis, ndimamele."

147 Wathi, "Yabona, uYohane wayengazange abhaptizwe. Ngoko wabe ebhaptiza, kodwa engazange abhaptizwe; akukho mntu wayefanelekile ukumbhaptiza." Leyo yelungileyo imfundo yezibhalo yamaBhaptizi. "Kwaye naku kusiza uYesu, waze wathi ngoko . . . uYohane wathi, 'Ndinesidingo sokuba ndibhaptizwe nguWe; kutheni Wena usiza kum?' Waze Wathi, 'Kuvumele kube njalo.'" Wathi, "Kwaye ngoko xa 'waMvumelayo,'" wathi, "uyabona, ngoko uYesu wambhaptiza uYohane. Kwaye xa Waphumayo emanzini, ngoko amazulu avuleka waze Wabona uThixo ekwisimo sehobe, esihla kwaye esiya kuYe, wathi, 'Lo nguNyana waM oyintanda, Endikholisiweyo ukuhlala kuye.'" Kodwa, hayi, hayi ukungavumelani noGqirha uDavis, kodwa wayengoyiphosileyo.

148 Yabona, uYohane wayengumprofeti, kwaye iLizwi lisoloko lisiza kumprofeti. Ngoko ukuba iLizwi lalenziwe inyama, kwakufanele Lize kumprofeti, nakanjani; ngoba, wayengqina iLizwi, kwaye uphawu lwemvelo lakhe ubuqu lalimazisa ekoko. Naku kusiza iLizwi, ngoku kwenzeka ntoni? Ngokukhawuleza nje ukuba ahambe aze ebusweni bukaYesu, uYohane wathi, "Ndinesidingo sokuba ndibhaptizwe nguWe; kutheni Usiza kum?"

149 UYesu wathi, "Kuvumele kube njalo, ngoba kusifanele thina (kokufanelekileyo kuthi) ukuzalisekisa bonke ubulungisa." uYohane ekubeni engumprofeti; Yena eliLizwi. Waye eliDini, kwaye Wayelungiselela ukungena kulungiselelo lwaKhe lwasemhlabeni, kwaye iDini kwakumele lihlanjwe phambi kokuba linikezelwe. Waze uYohane waMbhaptiza, ngoba wayesazi. "Kuvumele oko kube njalo, ngoba kusifanele thina ukuzalisekisa bonke ubulungisa." IDini kwakufuneka lihlanjwe phambi kokuba linikezelwe, waze ngoko uYohane waMbhaptiza. Yayingengo Yesu ebhaptiza uYohane. UYohane wabhaptiza uYesu. "Kuvumele kube njalo."

150 Qaphela, nanku elapha uAbraham, kwaye wayenalo iLizwi leNkosi. ILizwi leNkosi leza kuye. Wayengumprofeti. Kwaye ngoku naku kusiza iLizwi. Wambiza, "Abraham," hayi *Abram*.

151 Iintsuku ezimbalwa phambi koko, igama lakhe ibinguAbram—ibinguAbram, ngoku nguAbraham. Umfazi wakhe ibinguSarayi, ngoku ngu "Sara," hayi S-a-r-a-y-i; S-a-r-a. Hayi (A-b-r-a-h-a-m) A-b-r-a-m, kodwa A-b-r-a-h-a-m, Abraham.

152 Kwaye leNdoda Yazazisa, xa Yathi, "Abraham!" Owu, bethu!

U-Abraham wathi, "Elohim!"

153 Nalo iLizwi nomprofeti, bekunye, zombini izimilo zazisiwe.

154 U-Elohim, Wathi, "Uphi umfazi wakho, uSara?"

155 Wathi, "Usetenteni, emva kwaKho." Kwaye i . . . Ngoko ummangaliso wenziwa. Elohim! U-Abraham waMbiza, "owanele-konke, Usomandla, onamandla onke uThixo."

156 UYesu wathi, xa Wayesemhlabeni, Wenza into enye u-Elohim awayenzayo. Oko kwalazisa uphawu lwemvelo laKhe ngokuba unguThixo.

157 Kwaye Wathi, phambi, "Kwimihla yokugqibela, nje ekuzeni koNyana womntu, xa Etyhilwa, oku kuma kwezinto kuyakwenzeka kwakhona, njengoko kwakunjalo eSodom." U-Elohim phakathi kwabantu baKhe, uThixo uSomandla! Oko koko kuthethwa siSibhalo. U-Elohim phakathi kwabantu!

158 Iminyaka engamashumani amane ube Esibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele, U-Elohim, uThixo! Kwaye ibandla . . .

159 Jonga, u-Abraham wabona umqondiso waba mnye, olunye ubizo; umqondiso, ubizo; ubizo, umqondiso; elinde lanyana wesithembiso. Kodwa umqondiso wokugqibela awawubonayo, ukuvela kokugqibela, ukundwendwelwa nguThixo kokugqibela phambi kokuba unyana wesithembiso afike abekho, yayingu-Elohim ekwinyama yomntu. Ngoko unyana wesithembiso wafika.

160 Kwaye Imbewu ka-Abraham ilinde uNyana wesithembiso, uYesu Kristu. Kwaye bayibonile imiqondiso, ukuthululwa koMoya oyiNgcwele, ukuthetha ngeelwimi, impiliso eNgcwele, kwaneento ezinjalo. Kodwa xa uNyana womntu etyhilwa, u-Elohim uzakubuyela emva kwiMbewu yobukumkani ka-Abraham aze abonise lanto inye Wayeyibonisile ngala mhla, amen, u-Elohim, njengoko kwakunjalo! Kutheni? Iyakuba iluphawu lwemvelo lukaThixo.

161 Ngoku, ukuba uKristu ebenguThixo, "Liselilifutshane ixesha lize ihlabathi lingabi saNdibona; ke nina niyakuNdibona, ngokuba ndiyakuba nani, nkqu nakuni, kuse ekupheleni, isiphelo. Imisebenzi eNdiyenzayo niyakuyenza nani."

162 UYesu watsho oko ku—kuLuka, isahluko se-17. Kulungile, xa sikholwa kwaye siyibona lemihla yokugqibela, oku kuma kwezinto kuzakuphinda kwenzeke kwakhona.

163 Ngokoke, amaHebhere 1:1, "UThixo, kumaxesha akudala ngabaprofeti wazazisa Yena, ngale mihla yokugqibela ukwazisile ukuvuka koNyana waKhe ekufeni," ngokunika iBandla uphawu lwemvelo olunye Awayenalo, esenza amaHebhere 13:8 abenjalo kanye.

164 Akukho zintsiba zingaxhwithwa koko. Ezo ziintsiba zokhozi. Zihlala ziqinile, ngenxa yokuba ziintaka zezulu. [Indawo engenanto ekhasethini—Mhl.]. . . azondla ukudla kwamakhozi.

165 Ngoku siyakuqaphela ukuba, "Kumaxesha akudala, ngeendlela ezininzi, Wathetha koobawo ngabo abaprofeti, kule mihla yokugqibela ngaye uNyana waKhe uYesu Kristu, ngokuMvusa kwabafileyo." Kwaye Nanku ephakathi kwethu, emva kweminyaka engamawaka amabini, uYesu omnye, hayi omnye wabaprofeti; uYesu, haleluya, ovukileyo uNyana kaThixo!

166 UYesu wathi, ngenye imini, Wathi, "Isizukulwana esingendawo nesikrexezayo singxamele umqondiso, kwaye bayakuwufumana umqondiso." Isizukulwana esingendawo nesikrexezayo. Kwakhe kwaleliphi ixesha apho ihlabathi lakhe lalilelingendawo, okanye ukrexezo neligqwethekileyo, ngaphezu kokuba linjalo ngoku?

167 "Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaYona, njengokuba uYona waye esesuswini sentlanzi enkulu iintsuku ezintathu

nobusuku, kwangokunjalo umele uNyana womntu ukuba abe sembilinini womhlaba iintsuku ezintathu nobusuku."

168 Ngoko, "isizukulwana esingendawo nesikrexezayo" sasizakwamkela umqondiso. Oluphi uhlobo lomqondiso? Umqondiso wovuko. Kwaye sinawo namhlanje, emva kwamawaka amabini eminyaka, Usaphila. Uphakathi kwethu, ngobu busuku, inguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, ezazisa ngeempawu zemvelo zikaThixo, ebonakalalisa iLizwi kulomhla Abe ethembise ukulenza. Amen.

169 Nalo iLizwi. Ngoku uyakuwukholwa na umqondiso, into elandelayo, imihla yokugqibela, ukuzazisa kwaKhe ngoNyana waKhe? Qaphela.

170 UThixo wathetha noMoses kumaxesha akudala. KwiDuteronomi 18:15, wathi, "UYehova uThixo wakho uyakunivelisela uMprofeti onjengam." Ngoku qwalasela. Elo liLizwi. Elo liLizwi. YayinguThixo lowo. Yayingenguye uMoses. Wayenokuyazi njani uMoses lonto? Wayengumntu. Kodwa uThixo, ethetha ngoMoses, wakutsho oku. Niyakukholwa oko? Kulungile.

171 Ngoku qaphela uYesu, qwalasela indlela iimpawu zemvelo zaKhe—zaKhe ezalazisa ngayo liyinyaniso eli Lizwi lithenjisiweyo. Ngokuqinisekileyo Wenza. Waba nokwazeka ngolu phawu lwemvelo uMoses awathi Uyakuba lilo.

172 Abaninzi babo, njenganamhlanje, bafuna ukubona umkhokheli omkhulu. "Owu, lo nguGqirha Ph. *Sbani-bani*. Uphuma kwiYunivesithi iHartford." Okanye, "Uphuma kokunye okukhulu ndaweni ithile ngolo hlobo." Asikuko ukuzazisa kukaThixo oko. Hayi, hayi. Akukho nento malunga nako. ILizwi lilo into eyazisa uThixo. Yabona?

173 UYesu waye engesiso isifundiswa, Engenguye nombingeleli, Engenguye nomfundisi, kulo ihlabathi. Waye eyindlavini, kulo ihlabathi.

174 Kodwa uThixa waye elingqina iLizwi laKhe ngaYe, into eyaMenza u-Imanuweli. Oko yayikukwazeka kwaKhe. Ngoku, apha, uYesu ehlangana kanye noko uThixo kumaxesha akudala awathi Uyakukwenza, ngoMoses, oko Ayakukwenza.

175 Ngoku qwalasela xa wahlangana noPetros, njengoko siyenze ibali ngobunye ubusuku, xa Wahlangana noPetros waze waxelela uPetros ukuba lingubani igama lakhe. Lo mqondiso wawenza azeka amabango aKhe obuMesiya, kuPetros, ngokuba iLizwi belithe, "UYehova uThixo wenu uyakuvelisa uMprofeti."

176 Kwaye uPetros wenyuka, owayenguSimon ngoko, wenyuka weza apho Wayekhona. Waze uYesu wamjonga, wathi, "Igama lakho nguSimon, kwaye ungunyana kaYona." Oko kwazisa isimilo sikaKristu ukuba lela Lizwi uMoses awalithembisayo. UPetros waqonda ukuba lamqondiso wamazisa uYesu

njengoMesiya. “UThixo waye ekuKristu,” intambiso yemihla yokugqibela. KuNathaniyeli . . . Khumbula, Waxelela uSimon igama lakhe.

177 Ngoku, qwalasela, kuNathaniyeli Wamxelela into ayenzileyo. “Ubuphantsi komthi xa bendikubona.” Oko kwaMazisa ukuba nguMesiya.

178 Wathi, “UnguNyana kaThixo. UnguKumkani kaSirayeli.” Waziwa ngophawu lwemvelo lweLizwi elithenjisiweyo ukuba Uzakuba nguMesiya. “UYehova uThixo wenu uyakunivelisela uMprofeti.”

179 Umfazi omncinane equleni, Wamxelela into ayiyo, kwaze oko kwaMazisa njengalo Mesiya othenjisiweyo. Yabona?

180 Isimilo saKhe, iimpawu zemvelo zaKhe, zabe ziliLizwi lisazeka. Yabe izimpawu zemvelo zaKhe zibonisa ukuba iLizwi nguThixo, ngoko yabe inguThixo esaziwa ekuKristu. Ngoku kubukele oku. Qaphela.

181 KuPetros, Wazenza wazeka kuPetros ngokubiza igama lakhe. Wazenza wazeka kuNathaniyeli ngokumxelela oko akwenzileyo. Waziwa ngumfazi, ngokuxela into abeyiyo. Into a . . . ukuba *u*ngubani [uPetros—Mguquli]; into *a*yenzileyo [uNathaniyeli]; nento *a*yiyo [umfazi]. Walwazisa uphawu lwemvelo lwaKhe lobuMesiya, oko kwakuza kuba luphawu lwemvelo lukaMesiya.

182 Jonga kulomfazi umncinane ethetha lento inye. “Mhlekazi, Ndiyaqonda ukuba Ungumprofeti. Asikhange sibe naye umprofeti amakhulu eminyaka. Sibe nokuninzi kwenkonzo, okuninzi kokuxambula neyantlukwano yobuhlelo, kodwa asikhange sibe naye umprofeti amakhulu eminyaka. Siyazi ukuba xa uMesiya ethe wafika, oku kuko okuya kuMazisa.”

183 Wathi, “NdinguYe, lo uthethayo nawe.” Akukho nto ingaqinisekanga malunga nako, “NdinguYe.” Oko kwaMazisa.

184 Umfazi onethombe legazi, waMazi eliLizwi. Njani? Ngako oko Wakwenzayo xa ukholo lwakhe lwaMchukumisayo. Waguquka waze wathi, “Ngubani oNdichukumisileyo?” Wayesazi ukuba into ethile yenzekile. Oko kwamazisa uYesu njengoMesiya.

185 Wakukholwa, waze wathi, “Ukuba ndingachukumisa ingubo yaKhe, ndiyakuphiliswa.”

186 Ngoko ngokukhawuleza nje ukuba achukumise, Waguquka, wathi, “Ngoku ngubani oNdichukumisileyo?” Baze bonke bakuphika oko. Kodwa uphawu lwemvelo lwaKhe lobuMesiya . . .

187 Amen! Ndiyathemba niyakubona oko, bandla. Mamelani, njengokuba sivala.

188 Apho waMchukumisa. Kwakukho amakhulu, mhlawumbi, bezama ukuMchukumisa. NoPetros ngenkqu waMkhalimela, wathi, "Kuhle, bonke bayaKuchukumisa."

189 Wathi, "Ewe, kodwa umntu othile uNdichukumise ngokwahlukileyo." Kokuya kwahluka, okuya kuchukumisa kokholo. Yabona? Wathi, "Umntu othile uNdichukumisile. Ibikukuchukumisa okwahlukileyo. Ndiye ndaba buthathaka. Amandla aphumile kuM. Amandla amnkile kuM." Ngoku, Nanko emi.

190 Ngoku, nkqu umfundi OngowaKhe esithi, ngamanye amazwi, "Uvakala—vakala ngathi Ungumntu onobunjubaqa. Kutheni, abantu, wonke umntu uyaKuchukumisa."

191 Bukela okwaKhe, bukela okwaKhe ukuzazisa ngoku. Waguquka, wajonga wagqobhozela kwisihlwele. Wamchonga yena kanye. Akazange abe nako ukuba sazifihla. Wamxelela imeko yakhe, waze wathi, "Ukholo lwakhe lumphilisile."

192 Wayazi, ngako oku, ukuba, amaHebhere 4:12, "ILizwi licalula iingcingane, izicamangayo zayo intliziyo." Uphawu lwemvelo lwaKhe lwaMazisa ukuba "uliLizwi likaThixo lenziwe inyama kwaye lihleli phakathi kwethu." Amen.

193 Ndicinga lonto inye ngobu busuku iyaMazisa, uYesu Kristu ovukileyo ephila phakathi kwethu ngobu busuku, onguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ngoku, njengoko amaHebhere 13:8 ayinyaniso, isimilo saKhe sizakuMazisa namhlanje, njengoko senzayo ngokuya, ngendlela enye.

194 Jonga kuKleyopa kwanabo, emveni kovuko. UYesu waZazisa ngendlela Awathi wasiqhekeza ngayo esa sonka, ukuba Wakwenza nje ngendlela Awathi Wakwenza ngayo phambi kokuba Abethelelwe emnqamlezweni. Kwaye bona . . . Oko kwalwazisa uphawu lwemvelo lwaKhe, ngoba yiyo leyo indlela Awakwenza ngayo.

195 Ngoku ukuba Ebelapha ngobu busuku, Ebeya kuZazisa njani? Nje ngendlela enze ngayo izolo, ngoba Unguye namhlanje, kwaye uyakubanjalo nangonaphakade. Kukuzazisa. AmaHebhere isi-4, isine-. . . 14 ne 15, "Unguye ngoku. . . " Ithi, "UnguMbingeleli oMkhulu wethu onokuchukunyiswa zimvakalelo zobulwelwe bethu." UnguMbingeleli oMkhulu wethu kanye ngoku. Emveni kovuko lwaKhe, emveni kokufa kwaKhe, emveni kokungcwatywa kwaKhe, emveni kovuko lwaKhe, emveni kokunyuka kwaKhe, amen, Usahleli enguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, uMbingeleli oMkhulu onokuchukunyiswa zimvakalelo zobulwelwe bethu. Amen. Ukuko oko, kanye ngoku, kuyo yonke indoda nomfazi apha abaya kuyikholwa lonto. UnguMbingeleli oMkhulu wethu, inguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

196 Uhlala ephila. Niyakukholwa oko? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Iimpawu zemvelo zaKhe ngokuqhubekekayo ziMazisa

inguye njengoko Wayenjalo xa Wayephila emhlabeni. Usaphila apha, ngobubusuku, kwisimo soMoya oyiNgcwele. Uhlala ephila. Kwaye iimpawu zemvelo zaKhe ziyaMlandela, njengoko zasoloko zisenza, ukuba Usaphila.

197 Ndinombulelo, ngobu busuku, ukuba, "UThixo, ngamaxesha akudala nangeendlela ezininzi wathetha koobawo ngabo abaprofeti, kule mihla yokugqibela ngaye uNyana waKhe uYesu Kristu."

198 Bethu, Bendingazi ukuba ndithethe ixesha elide kangako. Ndilibele malunga nako kube kunjalo. Ndiyaxolisa. Ndiza nje . . . ndizakuma.

Masithandazeni.

199 Bawo oseZulwini, Thixo omkhulu ozele inceba! Nkosi, Ndi—ndi . . . mhlawumbi ndithetha kakhulu. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba ndenzile, Uyakundixolela. Kodwa, Nkosi, andinakucela uxolo ngento endiyithethileyo. Ndithethe nje oko Ukuthethileyo eLizwini laKho apha.

200 Ngoku nje ilizwi okanye amabini avela kuWe, Nkosi, mhlawumbi wonke ubani apha uyakuyibona ngobu busuku. Abancinane, abantu abagulayo bayakuphiliswa xa bebona ukuba Usenguye omkhulu uMbingeleli oMkhulu wethu. Ndiyathandaza, Nkosi, kule mizuzu imbalwa ilandelayo, ukuba Uyakuwenza loMyalezo uphile kwakhona kokuyinene. Kuyo lonto ndiyithethileyo ngeLizwi, lwanga uphawu lwemvelo lwaKho lungaKwazisa phakathi kwethu, ngobu busuku, ukuba Unguye izolo, namhlanje, nangonaphakade, ngoba kuseGameni likaYesu sikucela oku. Amen.

201 Nje umzuzwana ngoku. Thina, Ndi—ndisemva nje exesheni, kodwa ninganyamazela nonke ixesha elide ngokwaneleyo lokuba sibe nomgca wokuthandazela imizuzu elishumi elinesihlanu, amashumi amabini? Ukuba niyakukwenza, phakamisani isandla senu, nithi, "Thina . . . " Kulungile, enkosi—enkosi. Bendithembise ukunikhupha kwimizuzu engamashumi amathathu emva kweyethoba. Lelo xesha ngoku; yimizuzu engamashumi amabini phambi. Ngoko ukuba niyakundinika malunga neshumi lemizuzu, ndiyakukhawulezisa kanye.

202 Masibone, ngawaphi amakhadi okuthandazelwa abawakhuphileyo namhlanje? [Umzalwana uthi, "O."—Mhl.] U-O? Intoni, besiqale phi ngobunye ubusuku, isinye, isinye? ["Ndicinga ibisisinye."] Ehe, uh-huh.

203 Kwaye ngoko thina, kubusuku obudlulileyo, besi nje . . . uMoya oyiNgcwele . . . bendimamele namhlanje, kwaye ndiphinda oko bekuthethiwe. Amanye alomagama esiFrentshi, bendi . . . UMoya oyiNgcwele; kuphela kwendlela ebendinokuyenza ngayo, linda nje uze ubone.

204 Yabona, ngamanye amaxesha xa ubona umbono, kumele ujikwe uze utolikwe. Uyatolikwa. Umbono, njengokuba unga—ungabona i—igusha, oko kungathetha uboya. Yabona, kumele ubenako nako ukutolikwa kwawo, yabona, uze uwujike lambono kwaye uwutolike.

205 Kwaye ndiqaphele kubusu bayizolo, be—ndingenako ukuwabiza lawo magama esiFrench, kwafuneka ndiwabize ngoonobumba.

206 E-Afrika naphakathi kwabo Noqhakankcu nabahedeni, kwanezinto, bekufuneka Iwabize kanye ngoonobumba amagama abo, baxelele ukuba babengobani, abizwe ngoonobumba kanye kulwimi labo. Bona, bayakuyazi ukuba liyintoni, ngokukhawuleza nje ukuba uwabize ngoonobumba. Kodwa, yabona, kodwa Uyazazi zonke iilwimi. UnguThixo onguNaphakade.

207 Masiqale ngobu busuku ukusukela, masithi, kumashumi asixhenxe anesihlanu, ukuya kwikhulu, ku O. Ngu O, ingaba yilonto ayithethileyo? Ndi . . . [Umzalwana uthi, "Ewe. U-O."—Mhl.] U-O, u-O. Ehe. Kulungile. Ngubani onekhadi lokuthandazelwa lamashumi asixhenxe anesihlanu, masilibone? Ku O, ikhadi lokuthandazelwa u-O, amashumi asixhenxe anesihlanu, phakamisa isandla sakho, lowo unalo. Koo-O. Kulungile. Yiza kanye ng*apha*. Amashumi asixhenxe anesihlanu, amashumi asibhozo, amashumi asibhozo anesihlanu, amashumi alithoba, amashumi alithoba anesihlanu, ikhulu, yiza *ngalena* indlela ukuba niyakuza. Kulungile, kuyi, yenzani umgca kanye ngapha, kanye ngokukhawuleza, ngoba asiyikuba nalo ixesha. Ndizakuthemba nje ukuba niyakukwenza oko.

208 Jonga kwikhadi lokuthandazelwa lakho. Jonga kwikhadi lokuthandazelwa lommelwane wakho. Okunjani u . . . Kwaye ukuba umntu usisiqhwala, mabahanjiselwe kanye phambili emgceni wokuthandazelwa. Ngoko ukuba banaye u-O, nje ngo O, amashumi asixhenxe- . . .

209 Amashumi asixhenxe anesihlanu ukuya ekhulwini, yenzani umgca kanye ng*apha*, ukuba niyakukwenza. Naphina apho ukhoyo, kwizihlalo eziphezulu emadongeni, naphi na ngaphezulu, yizani nje ezantsi, nize emgceni ngokukhawuleza eninako, ukuba niyakukwenza, ngoko ukonga ixesha.

210 Ngoku nonke nina abaseleyo apha, abangenalo ikhadi lokuthandazelwa, ningaziphakamisa izandla zenu nize nithi, "Andinalo ikhadi lokuthandazelwa, Mzalwana uBranham, kodwa ndiyakolwa"? Phakamisani izandla zenu.

211 Ngoku khumbula, ndizakuthetha nani ngoMbingeleli oMkhulu. "UnguMbingeleli oMkhulu onako ukuchukunyiswa ziimvakalelo zobulwelwe bethu." Ungu *Jehovah-Jireh*, "idini elibonelelwe likaYehova." Ungu *Jehovah-Rapha*, "uYehova ophilisa zonke izifo zakho." Niyakukholwa oko? [Ibandla lithi,

"Amen."—Mhl.] Ungu *Jehovah-Manasseh*. I*ngweletshetshe*, i*khaka*, *uxolo* lwethu, Usekuko nangoku. Kuhle, bangaphi abakholwayo ukuba onke loo magama ohlangulo kaYehova ayesetyenziswa kuYesu? ["Amen."] Ngokuqinisekileyo, Kwakumele abe kuko. Ukuba Wa—ukuba Wa . . . Kutheni, akanakohlulwa, ngoko kwakumele ukuba Abe ngawo onke. Kwaye ukuba usenguJohovah-Jireh, UnguJehovah-Rapha. Ukuba UnguJehovah-Jireh . . . Ungu*Jehovah-Jireh*, li "dini likaYehova elibonelelweyo losindiso," ngoko Ungu *Jehovah-Rapha* "ophilisa zonke izifo zethu." Amen. Impiliso ingeza kuphela ngoThixo.

212 Kulungile, ngelixesha abantu besenza umgca; andinalo ixesha lokubona ukuba bangobani nokuba bayintoni. Kodwa ngoku, nonke apho abaziyo ukuba andinazi, phakamisani izandla zenu, nithi, "Ndinesidingo sikaThixo. Kodwa anindazi, Mzalwana uBranham, kodwa ndinesidingo sikaThixo. Ndizakuphakamisa nje isandla sam."

213 Ngoku ukuba niyakuthi nje nizinze imizuzu embalwa, bukela, yiba ngolumkileyo, yithani cwaka. Ngoku andithethi, xa ndisithi, "yithani cwaka," . . . Ukuba iNkosi yenza nantoni na, niyakufuna ukuyidumisa iNkosi; olo lunqulo. Kodwa endikuthethayo, "nje ukubaleka ujikeleza, ukuphakama," niyazi, oko kukungahloneli. Yabona? Kwaye uMoya oyiNgcwele uneentloni kakhulu, uneentloni kakhulu. Yabona? Nje nantoni na enjalo, nje uyandishiya, kwaye kufuneke nje ndisokole emva koko, kwakhona, yabona. Kodwa ukuba uyakuphulaphula!

214 Niyasikhumbula isithembiso saKhe sokuqala? "Yenza abantu bakukholwe, uze ngoko unyaniseke, akukho nto iyakuma phambi komthandazo." Niyakukhumbula oko? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kunjalo. Kwaye oko ku . . . andikakhe ndikubone kusilela unangoku, kwaye ayisokuze isilele. NguThixo.

215 Ngoku sizakukhawulezisa ngomgca wokuthandazela, ukuze sigqithise babe baninzi kangangoko sinako, ngenxa yabantu. Kodwa nina banamakhadi okuthandazelwa kwaye ningabizangwa ngobu busuku, libambe ikhadi lakho, sizakufika kuwe. Kulungile.

216 Ngoku nina apho ningenawo amakhadi okuthandazelwa, khumbulani. Okanye, nina apho, nokuba ninawo amakhadi okuthandazelwa okanye hayi, kholwani nje ukuba Unje ngamaHebhere isahluko se-4 apha. "UnguMbingeleli oMkhulu onako ukuchukunyiswa ziimvakalelo zobulwelwe bethu." Bona ukuba Uhlala . . . Bona ukuba uYehova uZibonisile ephakathi kwabantu baKhe, njengoko Wenzayo ngemihla yeSodom. Kulungile.

217 Kulungile, mhlekazi. Ngoku masithandazeni, ngoku, hlonelani ngokwenene. Ngoku khumbula, ilizwi elivela kuThixo

lingaphezulu kwako okungathethwa nangubani na. Ngoku, lendoda apha, andi—andiyazi. Kwaye ndiyaqikelela i . . . Ungongaziwayo kum, unguye, mhlekazi? [Umzalwana uthi, "Ewe."—Mhl.] Ungongaziwayo. Sazi into enye, ukuba sobabani kuzakumele sime phambi koBukhona bukaThixo ngamini ithile; njengabantu, kuzakumele sihlangane Phaya. Eli lilixa lokuqala lethu sihlangana.

218 Ngoku ukuba uza apha, ukuba uyagula, andiyazi; kusenokuba yenye into, yabona. Kodwa ukuba ndi—ukuba ndibeke izandla phezu kwakho, ndithi, "Mayidunyiswe iNkosi! Hamba, uphile." Oko kulungile. Ungakukholwa oko. Kodwa ungathini ukuba Ukuxelela yintoni engundonakele kuwe? Ngoku, yabona, oko kwahlukile, ngoko uyayazi oko kwazisa uphawu lwemvelo lwaKhe. Yabona, oko akuyi kuba luphawu lwemvelo lwam. Ndingumntu; andinako ukwazi nantoni na malunga nayo. Ndisandula kumxelela, "Andikwazi." Akandazi. Kodwa oko kuyakwenza ntoni? Oko kuyakwazisa uphawu lwemvelo lukaYesu Kristu inguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Esazi ukuba ayinakuba ndim, ayinakuba ndim, ngoba andiyazi lendoda. Ndiyakuphakamisa isandla sam; *nali* iLizwi. Yabona? Andiyazi. Ayindazi. Kodwa uphawu lwemvelo lukaYesu Kristu . . .

219 Ukuba uYesu ebemi apha, kwaye yena, egula, ukuba ebeyakuthi, "Nkosi Yesu, ndiphilise," ebeyakuthini uYesu kuye? "Sele Ndikwenzile oko." Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

220 "Uhlatywe ngenxa yezikreqo zethu; ngemivumbo yaKhe siphiliswe." Konke ukuhlangulwa esiyakuze sikufumane kwagqitywa eKalvari. Ukusukela phaya ukuqhubeka, lukholo, kukukholwa umsebenzi ogqityiweyo. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kulungile.

221 Ngoku, ngoku ukuba uYesu uyaphila, kwaye ndithethe ngeLizwi laKhe . . . Nako ke, buyela kokuya kulula nokholo, ukukholwa iLizwi laKhe. Xa Wahlangana nam ngobuya busuku, Wathi, "Uyakwenzeka ukuba uyakukwazi kwaneemfihlo zentliziyo yabo. Abayi kuwukholwa lowa wokuqala umqondiso wesandla, bayakufuneka bawukholwe lona." Yabona? "Abayenzi lonto, ngoko igazi liqalekisa umhlaba."

222 Njengoko yenzayo ngexesha likaMoses. Wathi, "Abayi kuyikholwa lo miqondiso mibini, ngoko galela igazi phezu komhlaba," yabona, "galela amanzi phezu komhlaba, uyakuba ligazi."

223 Ngoku nje ukufumanisa, ukuba nje ndingabona ukuba yintoni ingxaki yakho, oko kuyakukwanelisa kwaye kukwenze ukholwe, akuyi? [Umzalwana uthi, "Ngokuqinisekileyo."—Mhl.] Uyayazi iyakufuneka ibe luphawu lwemvelo lwaloMntu ndithetha ngaye, uYesu Kristu.

224 Indoda, njengoko ndiye nje ndayijonga, ibuya umva. Inesithunzi. Akukho nento amayeza angaze ayincede indoda. Ikwisimo sokufa. Kunjalo. Ikhe yaba noqhaqho, kwaye uqhaqho yabe iluqhaqho lwedlala lembewu yobudoda. Kwaye ngumhlaza, kwaye umhlaza usasazeke konke ukutyhutyha wena. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho. NguThixo kuphela onako ukumphilisa. [Umzalwana uthi, "Haleluya! Haleluya! Haleluya!"—Mhl.] Kodwa, jonga, ndifuna ukuthetha into ethile kuwe, mhlekazi. Lowa ungendawo unokuba uzimele kwimela kagqirha, kodwa akanako ukuzimela kuThixo. Uyakukholwa oko? Uyakukholwa? ["Owu! Owu!"] Ngoko ndiyathandaza, ukuba, eGameni likaYesu Kristu, yanga lento ingamshiya, yanga indoda ingaphila. Akukho nto; ube buthathaka nje. Konke kulungile.

225 Wena nam singababaphambukeli omnye komnye, indoda nomfazi bayahlangana. Ngoku, njengendoda, andikwazi. Kwaye mhlawumbi, njengomfazi, awundazi; akukho ngaphezu kokuba usandula nje ukubona igama lam, okanye umfanekiso, okanye into ethile enjalo. Kodwa asazani omnye nomnye. Ezo zizimilo zethu. Asazani izimilo omnye esomnye. Kodwa uphawu lwemvelo lukaKristu, UliLizwi, kwaye iLizwi lithenjiselwe lomhla. Undivile ndithetha ngayo. Ngoko iimpawu zemvelo zaKhe ziyakumazisa Elapha. Hayi mna ndiMazise. Andikwazi. Uyaqonda. Ibandla lethu—lethu liyakuqonda oko? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Yabona? Ndi—ndingumntu. Ndingumzalwana nje wakho.

226 Njengomfazi equleni, uthi into ethile engalunganga, into ethile ayilunganga ngawe, okanye into oyifunayo, okanye into olapha ngayo. Yeka uThixo makabe ngumgwebi wako oko. Ubulaleka yimeko yomhlaza wegazi. Oko kunjalo, akunjalo? [Udade uthi, "Ewe."—Mhl.]

227 Ndi—ndingqubana nayo lonto ngokuqhubekekayo, umntu othile ocinga ukuba ndiyiqikelele. Andiyiqikeleli lanto. Hayi. Rhoqo ngaxesha lithile ethubeni, ndiyakuva okuya, umntu othile. Aninako ukuzifihla iingcinga zenu ngoku. Ngoku kukho malunga, ndiyayazi, ababini abathandabuzi ababi ngenene abahleli apha. Yabona? Ngoko ngoku khumbula ndingawabiza amagama enu, nako oko, uThixo unako, ngoko yekani ukucinga oko. Mandinibonise.

228 Jonga apha, nenekazi. Jonga kum. Andiyazi into Akuxelele yona, kodwa ndi—ndiyayazi into Ayiyo. Kwaye olo luphawu lwemvelo laKhe lwazisiwe. Ewe, yimeko yomhlaza wegazi, igazi, amanzi.

229 Ngoku, apha, nantsi into ethile. Yabona ukuba bacinga ukuba oku kukuqikelela. Unomntwana omthandazelayo, olapha. [Udade uthi, "Ewe."—Mhl.] Kunjalo. Une, emqaleni wakhe, ["Ehe."], uqilikwana, amarhanana. Ulindelwe lutyando.

Akunjalo? [“Ewe.”] Thatha lotshefu uze uyibeke phezu kwakhe, kwaye ukholwe. [“Ewe.”] Musa ukuthandabuza. Akayi kuludinga utyando. Ngoku kholwa ngentliziyo yakho yonke.

230 Uqhuba njani? Into yile, yalomfazi apha, kukuba unoloyiko ngento ethile. Uyoyika ukuba umkhango ujike waba ngumhlaza. Uh-huh, uh-huh. Ngoku hamba, ukholwa, kwaye asokuze ibe ngolo hlobo. Hamba nje, ukholwa ngentliziyo yakho yonke. Iimpawu zemvelo, hayi ezam; ezaKhe!

231 Niyakholwa ngoku? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Oko kumele kwenze wonke umntu akholwe. [“Amen!”]

232 Ngoku, andikwazi. Ndingongaziwayo kuwe. UThixo uyakwazi. Uyakukholwa oko? Uyayazi ukuba andikwazi, kwaye uyayazi awundazi, ngoko uyakholwa ukuba loMoya uthethayo awungekhe ube ngumoya wam? Ngenxa yokuba, mna, njengomntu, andikwazi. Kodwa uphawu lwemvelo lweLizwi elithenjisiweyo liLizwi elibukhali ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini, kwaye licalula iingcingane kwanezicamango zentliziyo.

233 Uyagula kakhulu. Ubunengxaki yabafazi, eyayisisibeleko, kwaye eso sibeleko sibe nomhlaza. Kwaye uhambile waya kuthabatha uhlobo oluthile lonyango, ibilunyango lwesiqalelo esithile esisasaza imitha, kwaye ukuphela kwento eluyenzileyo kukuyisasaza kuwe wonke. Kwaye uya—uyakufa ukuba uThixo akakuphilisi. Oko kuyinyaniso. Uyakholwa ngoku Uyakukuphilisa? [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Wanga uThixo weZulu angalikhalimela ela demoni lizimele kugqirha. [“Owu!”] Lisenokuba lizimele kwi radium, kodwa hayi kuMoya oyiNgcwele. Hamba, Mkholwe, ngoku, dade. Musa ukuthandabuza konke konke, kodwa kholwa.

234 Uyakholwa ukuba uThixo angayiphilisa lomeko yengxaki yesifuba, kwaye akwenze uphile? [Umzalwana uthi, “Ewe.”—Mhl.] Uyayikholwa? Ngoko hamba endleleni yakho, uvuya, usithi, “Enkosi, Nkosi. Ndiyakholwa ingxaki yesifuba yam iphelile.”

235 Uqhuba njani? Uphakuphaku. Ube phakuphaku ixesha elide. Ngaphakathi phaya, ibangele isilonda sesisu singene esiswini sakho, eyenza eya—eyakho ingxaki yesisu. Kwaye uyafuna . . . Uyafuna ukudla isidlo sakho sangokuhlwa? Ungakwenza oko ndikuxelela ukuba ukwenze? Hamba, udle, eGameni leNkosi uYesu.

236 Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? [Udade uthi, “Ndiyakholwa.”—Mhl.] Ulinenekazi elitsha elilunge ngokumandla, ubonakala unjalo. Uyandikholwa ukuba ndisisicaka saKhe? [“Amen.”] Uyakholwa uphawu lwemvelo lwaKhe lungalapha, uku . . . iLizwi, ngoKwalo, kwanesithembiso salomhla, “Imisebenzi Endiyenzayo niya kuyenza nani”? [“Amen.”] Andinako ukuphilisa. Sele ekwenzile

oko; kodwa uphawu lwemvelo lwaKhe luyaMbonisa, lungaxela ukuba yintoni engundonakele nawe. Unengxaku yamanenekazi, ingxaki yebhinqa. ["Ewe, mhlekazi."] Uyakholwa ukuba uThixo uyayiphilisa ngoku? ["Ewe, Amen."] Hamba endleleni yakho, ayiyikukuhlupha kwakhona. Kholwa ngentliziyo yakho yonke.

237 Uyandikholwa ukuba ndisisicaka saKhe? [Udade uthi, "Ewe, mhlekazi."—Mhl.] Ukuba uThixo uyakundixelela ukuba yintoni ingxaki yakho, uyakukholwa na ukuba luphawu lwemvelo lukaYesu Kristu? Isemqolweni wakho. Ayisekho. Hamba, kholwa ngentliziyo yakho yonke. Kholwa.

238 Yiza, nenekazi. Nawe unengxaki yesisu. Kholwa ngentliziyo yakho yonke, uze uhambe uyokudla isidlo sakho sangokuhlwa. Libala ngayo. UYesu Kristu uyakuphilisa.

239 Yiza. Ingxaki yakho ligazi lakho. Unesifo seswekile. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa kwaye akuphilise kulonto? Hamba endleleni yakho, uze uthi, "Enkosi, Nkosi Yesu," uyakuphilisa. Hamba, kholwa ngentliziyo yakho yonke.

240 Yiza. Umqolo wakho, uyakholwa ukuba uThixo uyakuwuphilisa umqolo aze akwenze uphile? Hamba endleleni yakho, kwaye uvuye, uze uthi, "Enkosi, Nkosi Yesu."

241 Nawe ube nento ethile engundonakele nomqolo wakho. Qhubeka nje uhamba, usithi, "Enkosi, Nkosi. Ndiphilisiwe." Yikholwe ngentliziyo yakho yonke.

242 Nawe ube unengxaki yomqolo. Wazintoni ngako oko? Kholwa ngentliziyo yakho yonke ngoku, uze uhambe ngendlela yakho uphiliswe. Kholwa uYesu Kristu uyakuphilisa. "Ukuba ungathi ukholwe, zonke izinto zinako ukwenzeka." Kulungile.

243 Kuyakuthini ukuba andithethanga nto kuwe, ndidlule nje ndize ndibeke izandla phezu kwakhe, uyakholwa uyakuphila? Bayayibona into engundonakele. Uyakholwa uyakuphila? Yiza apha. Ndiyalichasa elidemoni, eGameni leNkosi uYesu Kristu. Yanga Amandla kaThixo angamphilisa umntwana. Amen. Musa ukuthandabuza, musa ukuthandabuza konke konke, kwaye uyakuphila. Kholwa ngentliziyo yakho yonke.

244 Ukuba uThixo akakuphilisi, uyakuba kwintonga yeziqhwala ngamini ithile, nesifo samathambo. Kodwa uyakholwa ukuba uThixo uyasiphilisa isifo samathambo sakho? Ngoko hamba, uthi, "Enkosi, Nkosi. NdiyakuKukholwa, kwaye Uyandiphilisa." Kulungile.

245 Yiza ngoku. Ngenene bubudala bakho. Uphakuphaku ngenene. Ubuphakuphaku ngenene, ngorhatya ngokuhlwa. Xa usebenza kwaye nento yonke, ubuphakuphaku ngenene. Uyakholwa ngoku? Ayisayi kukuhlupha kwakhona ngoko. Hamba endleleni yakho, usithi, "Enkosi, Nkosi Yesu."

246 Yiza, mhlekazi. Uyakholwa ukuba uThixo uyayiphilisa ingxaki yentliziyo? [Umzalwana uthi, "Ewe."—Mhl.]

Uyakuyenza iphile intliziyo yakho? Qhubeka nje uhamba, usithi, "Enkosi, Nkosi. Ndiyakholwa ngentliziyo yam yonke."

247 UThixo uyayiphilisa iTB, akwenze uphile, futhi. Uyakukholwa oko, mhlekazi, ngentliziyo yakho yonke? [Umzalwana uthi, "Ndiyayikholwa."—Mhl.] Kulungile. Hamba endleleni kwaye uvuya, usithi, "Enkosi, Nkosi Yesu."

248 Kuthekani malunga nani apho, niyakholwa? Kunjani malunga nabasezitulweni? Abanye benu kwabasezitulweni kholwani ngoku.

249 Lendoda ihleli kanye apha, idunjelwe nguqhoqhoqho, uyakholwa ukuba uThixo uyakuyiphilisa ingxaki yesifo semibhobho yemiphunga? Kulungile, ungakufumana oko ukucelileyo, ngoko. Amen.

250 Unxinzelelo lwegazi oluphezulu, uhleli kanye emva kwakhe phaya. Uyakholwa ukuba uThixo uyakuliphilisa igazi lakho eliphezulu? Ikushiyile, mhlekazi. Andimazi, andizange ndambona ebomini bam.

251 Uthi, mhlekazi, uyakholwa ukuba oko kutsaleka kwezihlunu zakho, ukutsaleka kwezihlunu okubangelwa bubuphakuphaku, uyakholwa ukuba uThixo uyakuyiphilisa? Uyakholwa? Phakamisa isandla sakho ukuba uyakholwa. Kulungile.

252 Umfazi wakho ohleli apho, uhlutshwa yingxaki yamathatha. Uyakholwa iyakushiya, nawe, dade?

253 Inenekazi elihleli kanye emva kwethu phaya, linokukrala kwemithambo-luvo. Uyakholwa ukuba uThixo uyakuyiphilisa ukukrala kwemithambo-luvo yakho, nenekazi?

254 Nali inenekazi elinengubo yokwaleka encinci, ebomvu ingubo yokwaleka, apha. Lihleli phaya. Linengxaki yamathatha, nalo. Uyakholwa ukuba uThixo uyakuyiphilisa ingxaki yamathatha yakho? Phakamisa isandla sakho, ukuba uyayikholwa.

255 Nabani na ngaphakathi apha okholwayo ukuba iimpawu zemvelo zikaYesu Kristu ziphakathi kwethu, ngobu busuku, phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndiyayikholwa." [Ibandla liyavuya kwaye lithi, "Ndiyayikholwa!"—Mhl.]

256 Bonke abangaphakathi apha, abayakuMamnkela njengomphilisi wenu, yimani ngenyawo zenu, nize nithi, "Ndiyayikholwa." Phakamani. Yimani ngenyawo, niphume ezitulweni zenu, nantoni na eyiyo. UYesu Kristu nguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ndiyinika kuni, eGameni leNkosi uThixo.

UThixo Ezazisa Ngeempawu Zakhe Zemvelo XHO64-0320
(God Identifying Himself By His Characteristics)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham washunyayelwa ngoLwesihlanu ngorhatya, ngoMatshi wama-20, ngowe-1964, e-Denham Springs High School eDenham Springs, Louisiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings

XHOSA

©2018 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org